



URhulumente
weNtshona Koloni

UPhuhliso loLuntu



IsiCwangciso Sentsebenzo Yonyaka
2021/22

URhulumente weNtshona Koloni ISebe loPhuhliso loLuntu

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka wama-2021/2022



URhulumente
weNtshona Koloni

UPhuhliso loLuntu

UBAMBISWANO NGAMANDLA

Isibhengezo

Inguqulelo yesiNgesi yesiCwangciso sokuSebenza soNyaka ithathwa njengombhalo osemthethweni. ISebe alinakubekwa butyala ngayo nayiphi na ingcaciso engeyiyo enokuthi yenzekile ngexesha lenkqubo yoguqulelo.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka siye saqulunqwa liCandelo loMlawuli oyiNtloko weQhinga noCwangciso loShishino, iSebe loPhuhliso loLuntu.

Ukufumana iikopi ezongezelelekileyo zolu xwebhu nceda uqhagamshelane ne:

INtloko yeSebe

ISebe loPhuhliso loLuntu

Private Bag X9112

EKapa

8000

Mzantsi Afrika

Umnxeba: +27-21-483 5121

I-imeyile: DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za

PR: 01/2021

ISBN: 978-0-621-49083-1

Isihloko soPapasho: URhulumente weNtshona Kapa weSebe loPhuhliso loLuntu Isicwangciso sokuSebenza soNyaka wama-2021/2022

Inombolo yasiMahla: 0800 220 250

Iwebhusayithi: <http://www.westerncape.gov.za>

INgxelo yeSigqeba esiLawulayo

Ngexesha lokubhalwa kwale Ngxelo yeSigqeba esiLawulayo, iPhondo liphakathi kubhubhane wehlabathi we-KHOVIDI-19 elithe labeka ingqwalasela enkulu kwicandelo leeNkonzo zoLuntu.

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka (i-APP) seSebe loPhuhliso loLuntu lweNtshona Kapa kunyakamali wama-2021/22, sikhokelwa liQhinga lesiCwangciso sowama-2020-2025, esibonakalisa uMbono wama-2030 wesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (i-NDP) kunye neSakhelo sesiCwangciso sesiQingatha esiPhakathi soNyaka (i-MTSF) sowama-2019 – 2024.

Ubhubhane we-KHOVIDI-19 oqhubekayo ukhokelele ekubeni oorhulumente kwihlabathi liphela, baphinde babeke phambili uhlahlo lwabiwo-mali ukulwa ifuthe lentsholongwane eluntwini. URhulumente weNtshona Kapa akahlukanga ngale ndlela. Nangona kunjalo, oku akukatshintshi ukuzibophelela kweSebe ekuboneleleni ngeenkonzo kuBantu abadala, iindawo zokuhlala kumaxhoba oxhatshazo, iinkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni, iinkonzo zokhuseleko lwabantwana, iinkonzo zaBantu abaphila noKhubazeko, iinkonzo zabantu abancinci – ngakumbi ulutsha olusemngciphekweni, iinkonzo kulutsha olusemngciphekweni. abo bantu kunye neentsapho ezineNgxaki yokuSebenzisa iziYobisi Gwenxa (ii-SUD) kunye nokomeleza iintsapho.

Owona myalelo weSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Kapa kukuqinisekisa ngobonelelo lothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso loluntu oluvumela kwaye luxhobise abantu abahluphekayo, abasesichengeni, kunye nabo banezidingo ezizodwa. Ngoko ke, iSebe liyaqhubeka likhangela iindlela zokufikelela kubahlali abadinga iinkonzo, ngaphandle kokubeka esichengeni umgangatho weenkonzo ezinikezelwa kubahlali baseNtshona Kapa.

Ukuzalisekisa isigunyaziso esingundoqo seSebe, siya kuqhubeka sigxile ekuxhobiseni ngezakhono iingcali zenkonzo yentlalontle, kurhulumente nakwicandelo leMibutho eNgenzi Nzuzo (i-NPO). Oku kuya kunceda, njengoko iimfuno zophuhliso lweenkonzo zentlalo-ntle yoluntu kunye nongenelelo lophuhliso loluntu, ukwanda koluntu kwiPhondo leNtshona Kapa liphela.

NjengeSebe, siya kuhlala sizinzile ekukhuthazeni ubandakanyo loluntu, ukuncitshiswa kwentlupheko kunye nokujongana nemikhwa emininzi ekhoyo yentlalontle eNtshona Kapa sisabela kwiimfuno zabantu bephondo lethu, ngokukodwa, kwiimfuno zabona bantu basesichengeni.

Isibetho sobundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nabantwana siyasikhathaza kakhulu njengorhulumente kwaye sesinye sezizathu zokuba iKhabhinethi yePhondo iseke isiCwangciso soKhuseleko seNtshona Kapa. Nangona iinkonzo ezininzi ziye zahlengahlengiswa ngenxa yobhubhane we-KHOVIDI-19, iSebe liyaqhubeka nokubeka phambili ukujongana noBundlobongela obuSekelwe kwiSini (i-GBV) nokukhuthaza ukhuseleko lwabasetyhini nabantwana, iintsuku ezingama-365 zonyaka.

Ngaphandle kophazamiseko lokuqala lonikezelo lweenkonzo olubangelwe kukuvalwa ngakumbi kweentshukumo ngenxa kabhubhane we-KHOVIDI-19 kulo nyaka-mali uphelileyo, iSebe ngenkxaso yamahlakani alo eeNPO libonelele ngendawo yokuhlala kubafazi abaxhatshaziweyo kunye nabantwana babo, laza lanikezela ngeengcebiso, ukutya nendawo yokuhlala, uncedo lwezomthetho, uphuhliso lwezakhono, kunye neenkqubo zokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kwindawo leyo kwakunye neenkqubo zoPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo (i-ECD) apho kuyimfuneko. ISebe likwabonelele ngoqeqesho olongezelelekileyo koomama abasezindlwini kumaziko okhuseleko afumana inkxaso-mali kunye nabasebenzi abancedisa kwintlalontle abasebenza kwindawo yokunceda abantu bomothuko kunye nenkxaso.

ISebe liza kuqhubeka linikezela ngeenkonzo, ligxile kuBundlobongela obuSekwelwe kwiSini, kubandakanywa umsebenzi wothintelo kumakhwenkwe namadoda. Olu ngenelelo lusekelwe kuluntu. Oku kunxulunyaniswa nomsebenzi wethu kwiCandelo leeNkonzo zokuVuselelo sangaPhambilini olugxile kwii-SUD, kunye nolwaphulo-mthetho ekuhlaleni, phakathi kwezinye.

Ukubaluleka kolawulo olululo kunye nobunkokeli obububo nobusesikweni kuhlala kungumba ophambili kwaye uxhasa umzamo wokunikezela ngeenkono ngokukhawuleza nangendlela esabelayo.

NjengeSebe, siya kuqhubeka sisebenza ngokufanelekileyo, nangendlela ekhuthaza ukhuseleko, isidima nentlalo-ntle yabemi esibasebenzelayo, ingakumbi abemi bethu abasesichengeni abahlala eNtshona Kapa. Ndiyathemba ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka, sizichaza ngokufanelekileyo iinjongo zonyaka-mali ozayo kwaye siya kukhokela uLawulo, olunikwe uxanduva oma ulizelisekise ngako oko.



Sharna Fernandez
ISigqeba esiLawulayo soRhulumente weNtshona Kapa:
ISEbe loPhuhliso loLuntu
Umhla we-9 kweyoKwindla wama-2021

INgxelo yeGosa eliPhendulayo

Unyaka wama-2020 waphawulwa ngesibhengezo soBume beNtlekele kaZwelonke nguMongameli Ramaphosa ngomhla wama-22 kweyoKwindla kunye nesigaba sesihlanu sokumiswa ngxi kweentshukumo, ukusabela kubhubhane we-KHOVIDI-19. Ezi ziganeko zibangele imeko eyothusayo kwezoqoqosho obelusele lubuthathaka kakade kwaza kwanyusa nangakumbi ifuthe leengxaki zoluntu ezininzi ezichaphazela uluntu lwaseMzantsi Afrika. Isebe alikhuselekanga kwezi meko zomothuko kwezoqoqosho njengoko amanyathelo angqongqo ngendlela yokucuthwa kohlalo lwabiwo-mali ziye zaqina kwaye kwanyanzeleka ukuba iSebe liphinde lulubeke phambili uhlalo lwabiwo-mali lwalo ukuze linike inkxaso kwiiNPO ezijongene nokwehla kweqondo kunye nokulahleka kwemisebenzi, kunye noncedo loluntu kuluntu oluhlelekileyo oluthe gqolo ukusokola, intswelanguqesho, ukunyuka kwamazinga okunqongophala kokutya kunye nokudodobala kwamanqanaba okhuseleko okuphenjelwa kukwanda kobundlobongela obusekelwe kwisini (i-GBV).

Ngokuchasene nale meko kunye nokuthatha isikhokelo kwisiCwangciso soVuselelo seNtshona Kapa (i-WC), ngokukodwa iMpilo-ntle kunye neMiba ePhambili yoKhuseleko, ugqaliselo lweSebe kunyakamali wama-2021/22 luza kuba lungenelelo olusemthethweni nomyalelo wenkundla, inkxaso yoncedo eluntwini, inkxaso kwabangenamakhaya, ukulwa ne-GBV, ukuqhubeka nenkxaso kwicandelo leeNPO kunye nokubonelela ngeZixhobo zoKhuselelo loBuqu (i-PPE) kwiiNPO nakubasebenzi. Okubalulekileyo kuza kuphumeza olu ngenelelo ngoncedo kusetyenziswa iNdlela kaWonkewonke kaRhulumente weNtshona Kapa (i-WOSA) esekelwe kulungelelaniso olusondeleyo kwamanye amasebe ephondo, urhulumente kaZwelonke, isithili noomasipala basekhaya, imibutho yoluntu, amahlakani ecandelo labucala kunye noluntu esilusebenzelayo. Olu ngenelelo lulwandiso lokuPhambili okuPhenjelwa nguMbono kaRhulumente weNtshona Kapa (i-WCG) neziphumo ze-VIP yoku-1 neyesi-3 kunye neNcam ePhambili yeSebe kunye noKhuseleko lwezinto eziPhambili.

Kwimeko ethile yoPhuhliso lwaBantwana aBasaqalayo, iSebe liza kuqhubeka ukunika inkxaso kuzo zombini iinkqubo kunye neenkxalabo ezinxulumene ne-KHOVIDI-19 ngokubonelela ngenkxaso yemali yee-PPE kunye nococeko. Ukugcina abantwana abancinci bekhuselekile kwaye befunda ngelixa kuqinisekiswa ukuqhubeka nokuphila kwabasebenzi be-ECD kwaye kuhlala kubalulekile. Le nkxaso iya kudityaniswa nogxininiso oluqhubekayo kubhaliso lwe-ECD kunye nephulo lokubhalisa ngokutsha ukuze kuqinisekise ukuba amaziko neenkqubo ziyahlangabezana nezithethe nemigangatho esisiseko kwakunye nemigaqo yezempilo nokhuseleko efunwa nguMthetho waBantwana kunye nemithetho yedolophu kamasipala eyahlukeneyo yezempilo nokhuseleko. Oku kuye kubaluleke ngakumbi njengoko iSebe leMfundo liphumeza injongo yokuqinisekisa utshintsho olungenamagingxi-gingxi oluzayo lwenguqu ye-ECD kwiSebe leMfundo leNtshona Kapa (i-WCED). Uthotho lothethathethwano luye lwabanjwa phakathi kweSebe kunye ne-WECD ukuxhasa utshintsho olulindelekileyo lomsebenzi we-ECD.

ISebe liza kuqhubeka nenkqubo yokuxhasa abafundi abakhethekileyo ngokubonelela ngonyango ngokwasemsebenzini, unyango ngokwentetho kunye nenkxaso eyodwa enxulumene nemeko ye-ECD ukuqinisekisa ukulungela isikolo. Oku kubaluleke ngakumbi njengoko abantwana abaninzi abancinci bangena kwi-ECD kunye nemingeni yenkqubela phambili. Kwangokunjalo, ukuphuyezwa okuqhubekayo kwenkqubo yoonontlalontle yokhuseleko lwabantwana esekelwe ezikolweni kwiindawo ezili-11 ezinolwaphulo-mthetho kweli Phondo, sisixhobo esibalulekileyo ekuvaleni umsantsa phakathi kwezikolo nenkqubo yokhuseleko lwabantwana ngokuchonga abantwana abasemngciphekweni kwasekuqaleni ebomini kangangoko kunokwenzeka kunye nokuthoba izinga lokuyeka kwangethuba isikolo.

Ukusabela kulwamkelo lweQhinga lesiCwangciso sikaZwelonke soBundlobongela obuSekwelwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini (i-GBVF), iSebe phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weNtshona Kapa woPhuhliso lweNtlalo liya kuququzelela uphuhliso nokuphuyezwa kwesiCwangciso sokuPhuyezwa kwe-WCG GBV, enxalenye yaso ikukusebenza ngokupheleleyo kweendawo ezintandathu ezongezelelweyo ze-GBV kwiPhondo. Oku kuya kwandisa inani kunye nokusasazwa kweenkonzo zokuhlala kwiPhondo liphela. Ezi ndawo zokuhlala zokhuseleko zongezelelweyo kunye neenkono ezinxulumene nazo ziya kusebenza kumasipala waseBergrivier, eSwartland, eHessequa nakuMbindi weKaroo. Isicwangciso sophuyezzo sikwabonelela ngeDesika yoNcedo ngokweSini kuMphathiswa woPhuhliso loLuntu weNtshona Kapa. Oku kuya kuqinisekisa ukuba iSebe lihlala lisabela kwiinkxalabo eziphakanyiswe kweli candelo kwaye, okukhatshwa

nokuthunyelwa koonontlalontle abangama-30 abongezelelekileyo abaziingcali kuthintelo lwe-GBV kunye nenkxaso eyodwa esekelwe kwii-ofisi zeSebe lonikezelo lweenkonzo zommandla nezengingqi, ukuxhasa umba wokhuseleko wephondo. kunye nongenelelo kwiindawo ekuxhaphake kuzo ulwaphulo-mthetho.

Iinkonzo zendawo zokuhlala zokhuseleko kubantu abangenamakhaya kunye nokhuseleko lokutya ziya kugcina ingqwalaselo ethe yayifumana kunyaka-mali wama-2020/21. Ingxaki yenzondelelo yamalungelo abantu ebangelwe ngubhubhane we-KHOVIDI-19 ibengumngcipheko kukhuseleko lokutya kunye nemisebenzi yeentsapho ezisesichengeni kunye nokukwazi kwabantu abangenamakhaya ukusebenzisa iindlela zabo zokuhlala njengoko amanyathelo okumiswa ngxi kweentshukumo eqalisa ukusebenza. ISebe libonelele ngenkxaso efunekayo ngokusebenzisa isiCwangciso salo soNcedo loKutya ngexesha le-KHOVIDI-19. Kulo nyaka uzayo, iSebe liza kuqhubeka nenkxaso yalo kwisithili nakoomasipala boDidi luka-B ababonelela ngeendawo zokuhlala zethutyana kwiindawo ezisemaphandleni kunye nokugcina ukwandiswa kwendawo yeebhedi kunye nokukhapha neenkono zokubuyiselwa eluntwini ngokusebenzisa iindawo zalo zokuhlala zokhuseleko ezixhaswa ngemali. ISebe lizakuqhuba namanyathelo alo okhuseleko lokutya ngokusebenzisa iindawo ekujoliswe kuzo esele zikho zokutyisa kunye namaZiko eSondlo noPhuhliso loLuntu (ji-CNDC). Izidlo zemihla ngemihla ezingaphezu kwe-14 000 ezinikezelwa kwiindawo ezichongiweyo zesondlo ezingama-92 ziya kuncediswa kubonelelo lokutya kumakhitshi oluntu kwaye imfuduko yabaxhamli besiya kubomi obuzinzileyo iya komelezwa ngeenkqubo zophuhliso, eziquka ukwabelana ngolwazi, imfundo, uqeqesho nophuhliso lwezakhono. Kwimeko yokugqibela ekhankanyiweyo, inkqubo iya kuqhubeka ukuqhathanisa abaxhamli ngoqeqesho kunye namathuba omsebenzi ngokuqhubeka ngokujonga ubume babaxhamli. Iza kuqhubeka ukwenza lula ufikelelo kwi-Arhente yoKhuseleko lwezeNtlalo yoMzantsi Afrika (i-SASSA) elawula izibonelelo zoncedo loluntu kumaxhoba eentlekele kunye/okanye loo makhaya/abantu abathwaxwa ziimeko zobunzima obungafanelekanga. KwiSebe, ukubaluleka kolungelelwaniso lokusabela koorhulumente kulo bhubhane yaba yindima yalo ekumiseleni iinkqubo zolawulo eziye zalivumela ukuba lilawule ngokufanelekileyo iminikelo yesisa evela kumashishini kunye nakumacandelo karhulumente, egameni le-WCG kunye nokuqinisekisa ukuba le minikelo ifikelele kwabo ibifuneka kubo. Ulungelelwaniso lweziphondo luza kuqhubeka luthatha iinzame ezithile kwicala leSebe ukuqinisekisa ukuqhubeka nokusebenza kakuhle kwayo.

Ukukhathalelwa nokukhuselwa kwabantwana kuhlala kungowona myalelo uphambili weSebe nogxininiso kungenelelo afana nenkqubo enje nge-Isibindi iya kuqhubeka iphunyezwa. Le nkqubo kunye nothungelwano lweenkonzo zayo ezibandakanya iinkqubo zeZiko le-Eye-on-the-Child nele-Drop-in kunye neleenkonzo zovavanyo nokuphazamiseka zibonelela ngeendlela zokungenelela ezijolise kwiintsapho ezisemngciphekweni. Ezi nkqubo lulungelelelo oncedo zixhaswa ziinkonzo zokhuseleko lwabantwana zeeyure ezingama-24, ukuphunyezwa kweqhinga nesiCwangciso soLawulo loKhathalelo lwaBantwana sePhondo kunye neenkqubo ezininzi kunye nomzekelo wenkonzo yeengcali ezincedisa abantwana abakukhathalelo olulolunye ukuze baphinde bamanyane kwiindawo abahlala kuzo. Emva kokuqokunjelwa kwenkqubo elingwayo, inkqubo yolawulo lwenkathalelo esekelwe kwiwebhu iza kuqhutywa kwiPhondo liphela kunyaka-mali wama-2021/22. Ukongeza ekusekeni uvimba weenkucakacha obanzi noguquguqukayo wokhathalelo lomntwana, inkqubo iza kwenza ungenelelo lolawulo kwangethuba ukuthintela ukulibaziseka kulawulo lwamatyala.

Ugxininiso kubantwana abaphila nokhubazeko luyimfuneko. Ngoko ke, iSebe liza komeleza iziseko zenkxaso yabazali kubazali babantwana abaphila nokhubazeko, liqhubeke nokwenza iSigwebo seNkundla sowama-2010 esayalela urhulumente ukuba abonelele ngemilinganiselo efanelekileyo kwiimfuno zemfundo zabantwana abaphila nokhubazeko olukhulu kwaye kuqokunjelwe ilinge lobhaliso lokubhaliswa kwenxenywe yezibonelelo/amaziko okhathalelo kubantwana abaphila nokhubazeko ukuze aphumeze isindululo sowiso-mthetho esichazwe siSahluko sesi-5 soMthetho waBantwana, wama-38 ka-2005.

Ufikelelo kukhathalelo lwendawo yokuhlala oluqhutywa liSebe kuBantu abaphila noKhubazeko lwandisiwe kunyaka-mali odlulileyo kwaye isibonelelo saseSivuyile ngoku sibonelela ngeebhedi ezili-110, ukusuka kuma-80 ngowama-2019/20. Ukomelezwa kweenkqubo ezisekelwe kumaziko okhathalelo loluntu ekuhlaleni kunye neendibano zocweyo zokukhusela abantu abadala abaphila nokhubazeko kunye nokubekwa emgangathweni kweenkonzo zokuphucula umgangatho

wokhathalelo kuhlala kubalulekile njengoko kunjalo ukulwela ukufikelela okuphuculiweyo kumathuba kunye nokukhuthazwa kwamalungelo abantu abaphila nokhubazeko. Njengokuba kunjalo kuBantu abaphila noKhubazeko, eyona nto iphambili kwingqokolela yeenkonzo ezinikezelwa kuBantu abadala kukukhuthazwa kwamalungelo abo, intlalo-ntle kunye nesidima sabo. Inxaso yonyango olulolunye kunye nemizekelo yenxaso kuBantu abadala ezifana nokuphila ngokuzimeleyo kunye noncedo lokuhlala kunye nokunakekelwa okusekelwe kuluntu kunye neenkonzo zenxaso ziya kuqhubeka kwaye indlela yokucebisa ukuxhasa amaziko okuhlala angenawo amandla olawulo oluluqilima kwaye asemngciphekweni wemali aya kuphuhlisa. Ngokunjalo inxaso nge-PPE iya kubekwa iliso elibukhali kumaziko asemngciphekweni kuBantu abaphila noKhubazeko nabaDala. Imigaqo ye-KHOVIDI-19 ephuhlise iSebe kunye neSebe lezeMpilo lePhondo (i-DoH) sele iphunyeziwe kwaye iza kubekwa iliso elibukhali ukuqinisekisa ukuba usulelo lwe-KHOVIDI-19 alunwenwi kwaye luyalawulwa. Inxaso-mali yenziwe ifumaneka kwi-PPE kumaziko okuhlala abantu abadala kunye nabantu abaphila nokhubazeko. Inxaso-mali eyongezelelweyo iya kwenziwa ifumaneka kwi-PPE njengoko injalo naxa kukho imfuneko kwaye ikhethiwe.

Ubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini nasebantwaneni busoloko buphenjelelwa kukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, kungoko iSebe lizakuqhuba libonelela ngeenkonzo zokuphazamiseka kokusetyenziswa kwezinyobisi. Ezi nkonzo zibandakanya uluhlu lothintelo, ungenelelo kwangethuba, unyango kunye neenkonzo zokhathalelo emva kokuqinisekisa ukubuyiselwa okusebenzayo kwabaxumi kwiindawo abahlala kuzo kunye noluntu ngokubanzi. Iza kuqhubeka nokubandakanya amanyathelo okujongana neziphumo ezinobungozi ze-Fetal Alcohol Spectrum Disorders (i-FASD) ebantwaneni. ISebe liza kuqhubeka nokubonelela ngeenkqubo zothintelo kunye nonyango lwe-SUD kuwo onke amaZiko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha (ii-CYCC) kwaye landise ezi nkonzo kuzo zombini iindawo ze-GBV kunye neendawo zokuhlala zabantu abadala abangenamakhaya. ISebe liziqukumbele iinkqubo ezifanayo zokwamkelwa kwabafundi kunye nencwadana yokwamkelwa kwabafundi, ukuqinisekisa ukwamkelwa ngokufanelekileyo kumaziko onyango lweziguqulana. Uqeqesho kwincwadana yokwamkelwa kwabafundi luza kuqaliswa kunyaka-mali wama-2021/22. ISebe liza kuqhubeka nokubhalisa kwakunye nokubhaliswa ngokutsha kwamaziko onyango lokusebenzisa izinyobisi kunye nomthamo kwicandelo lokhathalelo lokusebenzisa izinyobisi kunye neempendulo ezisekelwe eluntwini kuthintelo lokusetyenziswa kwezinyobisi nonyango nazo ziya kwandiswa ngokubonelela ngofikelelo kuqeqesho olukhethekileyo kweli candelo. Ukuxhasa ulungelelaniso lwempendulo yobudlelwane boorhulumente kusetyenziso gwenxa lwezinyobisi, kunye nokwenza isiCwangciso esiPhambili sikaZwelonke seZinyobisi sisebenze, iSebe lizakuqhubeka nentsebenziswano noomasipala bezithili ekusekweni, kuququzelelo nakuphunyezo lweeKomiti zokuQubisana neZinyobisi zeNgingqi (ii-LDAC) ngokusebenzisa iQonga lokuSetyenziswa loSetyenziso Gwenxa lweZinyobisi eNtshona Kapa. Ngexesha lonyaka-mali wama-2020/21, ii-LDAC ezili-13 bezisebenza ngokupheleleyo, kunye nezinye ii-LDAC ezisixhenxe koomasipala abaseleyo bafumana inxaso ukuze zisebenze ngokupheleleyo. Ukuya phambili iSebe liza kuqhubeka ukuxhobisa nokuxhasa ii-LDAC ngokusebenzisa amaqonga e-intanethi kwakunye nokuncedisa ekusekweni kwee-LDAC ezintsha.

Iinkqubo zophuhliso lwezakhono zolutsha ziza kuqhubeka zibonelelwa kwiiYouth Cafés ezili-12 kwiPhondo liphela kusetyenziswa iinkqubo zophuhliso lwezakhono kusetyenziswa i-intanethi. Ukuya phambili, uqeqesho lwe-intanethi oluvunyiweyo luza kuba yindlela yoqeqesho ekhethwayo kwaye oku kuvula amathuba amaninzi oqeqesho kunangaphambili. ISebe liza kuqhubeka ukusebenzisana nemibutho esekelwe kuluntu kuphuhliso lolutsha kwiindawo apho kungekho zinkonzo zeYouth Café zifumanekayo. Emva kolibaziseko olubangelwe kukuvalwa kwezikolo ngexesha lobhubhani we-KHOVIDI-19, ukuphunyezwa kweProjekthi yeSanitary Dignity kuqhubekile, kwaza kwathi kweyoMqungu wama-2021, kwaneliswa ngeepakethi ezingama-555 516 zemiqushulu yomama kubafundi abangama-94 817 abakwibanga lesi-4 ukuya kwele-12. Izikolo ezingama-221 kwiPhondo liphela. Le nkqubo iza kuqhubeka kunyaka-mali wama-2021/22.

ISebe liza kuqhubeka nokuququzelela ukudalwa kwamathuba emisebenzi ngeNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (i-EPWP). I-EPWP yinkqubo engundoqo yeSebe ebonelela ngokupheliswa kwentlupheko noncedo lokufumana umvuzo wethutyana kwabo bangasebenziyo. Njengendlela ebalulekileyo yokudluliselwa kwengeniso kumakhaya ahluphekayo, ijonge ukubonelela ngohlobo lokhuseleko lwezentlalo kwixesha elifutshane ukuya kweliphakathi ngokudala amathuba emisebenzi kwicandelo elingajonganga nzuzo. Okokugqibela, ngamahlakani ee-NPO

angaphezu kwama-2 000 abonelela ngeenkono zentlalo ezifuneka ngamandla kwabo basemngciphekweni kwiPhondo, inkqubo yokuXhobisa ngeZakhono zeZiko (i-ICB) iza kuqhubeka nokuxhasa ii-NPO ngobhaliso nokuthotyelwa komgangatho wolawulo oluphezulu kunye nokuthotyelwa kwemithetho enxulumene nee-NPO.

Isiphelo

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka sijolise ekulungelelaniseni iinkono ezibalulekileyo zeSebe nezisemthethweni kunye nezona njongo ziphambili zomgaqo-nkqubo we-NDP, i-MTSF kunye naleyo yePhondo njengoko kuchaziwe kwi-PSP kunye nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Kapa.



Gqr. Robert Macdonald
IGosa eliPhendulayo loRhulumente weNtshona Kapa:
ISEbe loPhuhliso loLuntu
Umhla we-9 kweyoKwindla wama-2021

Utyikityo oluseMthethweni


Ngokwenjenje kukuqinisekisa ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- Saphuhliswa ngabalawuli beSebe loRhulumente weNtshona Kapa loPhuhliso loLuntu phantsi kwesikhokelo sikaNksk S. Fernandez, uMphathiswa weNtshona Kapa woPhuhliso loLuntu.
- Sithathela ingqalelo yonke imigaqo-nkqubo efanelekileyo, imithetho kunye neminye imiyalelo apho iSebe loPhuhliso loLuntu loRhulumente weNtshona Kapa linoxanduva khona.
- Sibonisa ngokuchanekileyo iziphumo kunye neziqhamo iSebe loRhulumente weNtshona Kapa loPhuhliso loLuntu eliza kuzama ngalo ukuziphumeza kwisithuba esiphakathi kowama-2021-2022.


Charles Jordan
Umlawuli oyiNtloko: Abantwana, iintsapho ne-ECD

Utyikityo: 

Leana Goosen
Umlawuli oyiNtloko: INtlalontle yoLuntu neNkonzo
zoBuyiselo kwiSimo esisiso

Utyikityo: 


Mzwandile Hewu
Umlawuli oyiNtloko: UPhuhliso neNtsebenziswano
yoLuntu

Utyikityo: 

Juan Smith
Umlawuli oyiNtloko: ULawulo lweMali

Utyikityo: 

Marion Johnson
Umlawuli oyiNtloko: IQhinga
noCwangciso loShishino

Utyikityo: 

Robert Macdonald
IGosa eliPhendulayo

Utyikityo: 

Yamkelwe ngu:
Sharna Fernandez
IsiGqeba esiLawulayo
Umhla we-9 kweyoKwindla wama-2021

Utyikityo: 

Iziqulatho	
Isibhengezo	2
INgxelo yeSigqeba esiLawulayo	3
INgxelo yeGosa eliPhendulayo	5
ICandelo A: IGunya Lethu	11
1. IGunya loMgaqo-siseko, uMthetho namaGunya oMgaqo-nkqubo	11
2. ImiGaqo-nkqubo neziCwangciso zeSebe kwisithuba seminyaka emihlanu sokucwangcisa.	17
3. IziGwebo zeNkundla eziFanelekileyo	19
ICandelo B: UGxilo Lwethu lwesiCwangciso	21
4. Uhlalutyo lweMeko	21
4.1 Uhlalutyo lweMeko yangaPhandle	21
4.2 Uhlalutyo lweMeko yangaPhakathi	28
ICandelo C: UMlinganiselo Wethu wokuSebenza	31
5. IiNkcukacha zeNkqubo yokuSebenza kweSebe	31
5.1 Inkqubo yoku-1: Ulawulo	31
5.2 Inkqubo yesi-2: IiNkonzo zeNtlalo-ntle	36
5.3 Inkqubo yesi-3: Abantwana neeNtsapho	46
5.4 INkqubo yesi-4: IiNkonzo zoBuyiselo	56
5.5 INkqubo yesi-5: Uphuhliso noPhando	68
6. Amaqumrhu karhulumente	76
7. Iiprojekthi zeziseko ezingundoqo	77
8. Ubudlelwane phakathi kukaRhulumente namaShishini aBucala (ii-PPP)	79
ICANDELO D: Iinkcazelo ngezalathi zobugcisa (ii-TID)	80
IziHlomelo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka	161
IsiHlomelo A: Izilungiso kwiQhinga lesiCwangciso	161
IsiHlomelo B: Izibonelelo zoXhomekeko	162
IsiHlomelo C: Izalathisi eziManyanisiweyo	163
IsiHlomelo D: INdlela yoPhuhliso lweSithili	164
IsiHlomelo E: Izifinyezo	166

Icandelo A: IGunya Lethu

1. IGunya loMgaqo-siseko, uMthetho namaGunya oMgaqo-nkqubo

UMgaqo-siseko

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we-1996	ICandelo lama-28 (1) loMgaqo-siseko liwabeka amalungelo abantwana ngokuhambelana nokhathalelo olufanelekileyo (isondlo esisisiseko, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo kunye neenkono zentlalo-ntle) kwaye ukuvalelwa kwabantwana linyathelo lokugqibela elinokuthi lithatyathwe.

AmaGunya oMthetho

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
UMthetho weMisebenzi yeNkonzo yeNtlalo noBuchule-(110/1978, lzilungiso:1995, 1996 no-1998)	UMthetho waseka iBhunga loMsebenzi woNontlalo-Ntle baseMzantsi Afrika (iSACSSP) waze wachaza amagunya nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zentlalo nobuchule.
UMthetho waBantwana (38/2005)	UMthetho uqhutywe ngokwesiBhengezo soBongameli ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi wama-2010 waze wachaza: <ul style="list-style-type: none"> ● Amalungelo noxanduva lwabantwana; ● Uxanduva namalungelo obuzali; ● Imithetho-siseko nezikhokelo zokhuselo lwabantwana; ● Inkuthazo yempilo-ntle yabantwana; kunye ● The Uhlanganiso lwemithetho enxulumene nentlalo-ntle kunye nokhuselo lwabantwana kunye, nemicimbi eyenzekayo. Okona kugxilwe kuko kuhlaziyo lwesibini loMthetho waBantwana yayikukufunyanwa kweNkundla ePhakamileyo yaseMazantsi eRhawutini kuTshazimpuzi wama-2011 malunga notoliko olululo lweCandelo le-150(lok-1) (a) loMthetho. Inkundla yafumanisa ukuba: <ul style="list-style-type: none"> ● Umkhathaleli wabantwana oneemfanelo ezisemthethweni zokukhathalela (kule meko umakhulu) unakho ukonyulwa njengomzali okhulisa umntwana ongengowakhe; kwaye ● NoMthetho ongengowaBantwana nongengoMthetho woNontlalo-ntle oNcedisayo okanye iMigaqo yayo edinga uphononongo lomvuzo womzali okhulisayo, ngoko ke imeko yezemali zabantwana zifumaneke ukuba inkathalo nokhuselo kufuneka zithathelwe ingqalelo ingenguye umzali okhulisayo. Apho abazali abakhulisa abantwana abangengobabo bafumana inkxaso ngokwasemthethweni bengakwazi ukukwenza oko ngokwezemali, kufuneka babenako ukufaka isicelo sesibonelelo sokukhulisa.
UMthetho oLungisiweyo waBantwana (17/2016)	Lo Mthetho uhlomela uMthetho waBantwana, wama-2005 ukuze ube: <ul style="list-style-type: none"> ● ufaka iinkcazelo ezithile; ● ubonelela ngokuba umntu obanjelwe amatyala athile athathwe njengongafanelekanga ukusebenza nabantwana; ● ukunika umntwana ongumaphuli-mthetho ithuba lokwenza iinkcazo-ntetho zokuba kutheni kufunyaniswa ukungafaneleki ukusebenza nabantwana kungafanele ukwenziwa; ● ukubonelela ngokuba uMkomishinala kaZwelonke weNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika kufuneka athumele kuMlawuli-Jikelele zonke iinkcukacha zabantu abafunyenwe bengafanelekanga ukusebenza nabantwana; ● ukubonelela ngomntwana ongumaphuli-mthetho ukuba enze isicelo ngendlela emiselweyo yokuba iinkcukacha zakhe zisuswe kwiRejista; ● ibonelele ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokususa umntwana ngaphandle komyalelo wenkundla; ● zandise iimeko malunga nexesha lokwamkelwa komntwana; kwaye ● ukwandisa iziphumo zomyalelo wokuthathwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho ngokubonelela ngokuba umyalelo wokuthathwa komntwana ongamzalanga abe ngowakho awuziphelisi ngokuzenzekelayo zonke iimfanelo zomzali

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
	<p>namalungelo omzali womntwana xa umyalelo wokuthathwa komntwana unikelwe egameni leqabane okanye iqabane elisisigxina lasekhaya laloo mzali kwaye ubonelele ngemiba enxulumene noko.</p>
<p>UMthetho oLungisiweyo weSibini waBantwana (18/2016)</p>	<p>Ukulungisa uMthetho waBantwana, ka-2005 ukuze:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● ufake iingcaciso ezintsha; ● ukubonelela ngokuba ukususwa komntwana kukhathalelo olukhuselekileyo lwexeshana ngaphandle komyalelo wenkundla kubekwe phambi kwenkundla yabantwana ukuze kuqwalaselwe kwakhona ngaphambi kokuphela kosuku olulandelayo lwenkundla; ● ukubonelela ngokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo sokukhupha umntwana ngaphandle komyalelo wenkundla; ● ukubonelela ngokuba iNtloko yePhondo yoPhuhliso loLuntu itshintshe umntwana okanye umntu osuka kolunye uhlobo lononophelo olulolunye amse kolunye uhlobo lononophelo; ukubonelela ngokuba isicelo sokuba umntwana ahla kukhathalelo olulolunye olungaphaya kweminyaka eli-18 ubudala, kufuneka singeniswe ngaphambi kokuphela konyaka apho umntwana lowo uchaphazelekayo efikelela kwiminyaka eli-18 ubudala; kwaye kubonelelwe ngemiba enxulumene noko.
<p>UMkhomishinala waseNtshona Kapa woMthetho waBantwana, (2/2019)</p>	<p>Ukubonelela ngengqesho yoMkhomishinala waBantwana kwiPhondo laseNtshona Kapa; ngokwemicimbi eyenzekayo ngemicimbi enxulumene noku kwaye ibonelela ngemicimbi ethile ephathelele kuloo ofisi. Icandelo lama-78 loMgaqo-siseko waseNtshona Kapa, le-1997, limisele i-ofisi yephondo loMkhomishinala waBantwana lize libonelele ukuba uMkhomishinala kufunekaancedise uRhulumente waseNtshona Kapa ekukhuseleni nasekukhuthazeni amalungelo, izidingo kunye nokusemdlani waBantwana kwiPhondo.</p>
<p>UMthetho woLungiso lweeNkonzo zoLingo (35/2002)</p>	<p>Injongo zawo kukwenza izilungisa kuMthetho weeNkonzo zoLingo, we-1991, ukuze kufakwe iinkcazelo ezithile:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Ukwenza ubonelelo olongezelekileyo lweenkqubo ezijolise ekuthinteleni nasekulweni ulwaphulo-mthetho; ● Ukongeza amagunya kunye nemisebenzi yamagosa olingo; ● Ukubonelela ngemisebenzi yamagosa ancedisayo olingo; ● Ukubonelela ngovavanyo olunyanzelekileyo lwabantwana ababanjweyo; ● Ukubonelela ngokusekwa kwekomiti yeengcebiso ngolingo; ● Ukubonelela ngokutyunjwa kwabafumani bosapho; kunye ● Nokubonelela ngemicimbi enxulumene noko.
<p>UMthetho woBundlobongela basemaKhaya (116/1998)</p>	<p>Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongela basekhaya ukhuseleko oluphezulu kuxhatshazo lwasekhaya.</p>
<p>UMthetho waBantu aBadala (13/2006)</p>	<p>UMthetho, osekwe ngesiBhengezo soBongameli ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi wama-2010, ugxile ekuxhotyisweni nasekukhuselweni kwaBantu aBadala kuquka amawonga abo, amalungelo, impilo-ntle ukhuseleko, ukhuselo kunye nokulwa ukuxhatshazwa kwaBantu aBadala. UMthetho ukhuthaza indlela ephuhlisayo eqwalasela:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● ubulumko nezakhono zaBantu aBadala; ● uthatho-nxaxheba lwaBantu aBadala kwimicimbi yasekuhlaleni; ● ukumisela ubhaliso lweenkonzo zaBantu aBadala; kunye ● nokumiselwa nokulawulwa lweenkonzo namaziko aBantu aBadala. <p>Ngokungafaniyo noMthetho waBantu aBadala, wama-81 we-1967, Ugxininiso lususiwe kukhathalelo olukumaziko lwasiwa kukhathalelo olusekelwe kuluntu ukuze kuqinisekise ukuba umntu omdala uhlala eseluntwini kangangoko anako.</p>
<p>UMthetho woThintelo noNyango loSetyenziso Gwenxa lweziYobisi (70/2008)</p>	<p>UMthetho ubonelela ngokuphunyezwa kokuhanjiswa kweenkonzo okubanzi nokuhlanganisiweyo kwicandelo lokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuwo onke amaSebe kaRhulumente. Ugxininiso oluphambili lwalo mthetho kukukhuthaza iinkqubo ezisekelwe kuluntu kunye nokungenelela kwangethuba, kunye nokubhaliswa kongenelelo lonyango ngokubhekisele ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi.</p>

Umthetho	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
UMthetho wobuLungisa kuBantwana (75/2008)	UMthetho umisela inkqubo yezobulungisa kulwaphulo-mthetho kubantwana abatyholwa ngokuba zizaphuli-mthetho nojolise ekukhuseleni amalungelo abantwana.
UMthetho woLungiso kulwaPhulo-mthetho (Amatyala ezeSondo kunye neMicimbi eNxulumene noko) (6/2012)	UMthetho ulungisa uMthetho wolwaPhulo-mthetho (Amatyala ezeSondo kunye neMicimbi eNxulumene noko), wama-2007, ukucacisa ngokuphandle ukuba ukumiselwa kwezohlwayo ngokubhekisele kwizenzo ezithile eziqulathwe kuMthetho ziyekelwe kwiinkundla; uze ubonelele ngemicimbi enxulumene noko.
UMthetho woThintelo nokuLwa uRhwebo ngabaNtu (7/2013)	UMthetho unika amandla kwiZizwe eziManyeneyo (i-UN) uLandelaniso, ukunqanda, ukuphelisa nokohlwaya kurhwebo ebantwini, ngakumbi abantu basetyhini nabantwana, ukongeza kwindibano ye-UN ngokuchasene nolwaphulo-mthetho oluhleliweyo.
UMthetho weSakhelo soBudlelwane booRhulumente (13/2005)	UMthetho ujonge ekuququzeleleni intsebenziswano ngokubanzi phakathi kwezi zigaba zithathu zikarhulumente ukuze kukhuthazwe inkqubo yolawulo oluzinzileyo nolusabelayo, oluqinisa iziseko, kunye nemigaqo yolawulo loluntu.
UMthetho we-Arhente yoPhuhliso loLutsha (54/2008)	Injongo yoMthetho kukudala nokukhuthaza ulungelelwaniso lwemicimbi yophuhliso lolutsha.
UMthetho woNcedo loLuntu (13/2004)	Lo Mthetho ubonelela ngokunikizela ngoncedo loluntu ebantwini, kunye neendlela zokunikizela ngoncedo olunjalo; ukumiselwa kohlolo loncedo loluntu; kunye nokubonelela nangeminye imicimbi enxulumene noko.
UMthetho wokuNyusa iNgxowa-mali (107/78)	Lo mthetho ubonelela ngolawulo lokuqokelelwa kweminikelo eluntwini; ukuqeshwa koMlawuli wokuNyusa ingxowa-mali; ukusekwa kweNgxowa-mali yoNcedo lweNtlekele, ingxowa-mali yoKhuselo lwaseMzantsi Afrika kunye neNgxowa-mali yokuNceda iiMbacu; ukubhengezwa kweziganeko ezithile ezinje ngeentlekele; neminye imicimbi enxulumene noko.
UMthetho woLawulo lweNtlekele (57/2002)	Lo mthetho ubonelela ngomgaqo-nkqubo odibeneyo wolawulo lwentlekele (ogxile ekuthinteleni okanye ekunciphiseni umngcipheko weentlekele, ukunciphisa ubungozi beentlekele, ukulungela imeko kaxakeka, ukusabela ngokukhawuleza nangempumelelo kwintlekele kunye novuselelo kwakhona emva kwentlekele); ukusekwa kwamaziko ezolawulo lwentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakomasipala; amavolontiya olawulo lwentlekele; kunye neminye imicimbi enokuthi yenzeke.
UMthetho woKhathalelo lweMpilo yeNgqondo (17/2002)	Lo mthetho ubonelela ngokhathalelo, unyango kunye nobuyiselo lwesidima kubantu abagula ngengqondo; umiselo lweenkqubo ezahlukeneyo eziza kulandelwa ekwamkelweni kwaba bantu nasekuboneleleni ngokhathalelo nolawulo lwepropathi yabantu abagula ngengqondo.
UMthetho weMisebenzi yeNkonzo yeNtlalo (110/1978); Imimiselo enxulumene nokubhaliswa kobungcali kwiinkonzo zoluleko (2013)	Le migaqo ipapashwe kwiGazethi yeMimiselo enguNombolo 36159, yowe-15 kweyoMdumba wama- 2013, Vol. 572, Nombolo 9911 ejolise ekulawuleni nasekuphuculeni iinkonzo zoluleko.

AmaGunya oMgaqo-nkqubo

UMgaqo-nkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
ISakhelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka (iMTSF) 2019-24	Esi Sikhokelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka (i-MTSF) sisicwangciso seqhinga likaRhulumente kwikota yonyulo lowama-2014 ukuya kowama-2019. Ibonisa ukuzinikela okwenziwe kupapasho-nkqubo lonyulo lweqela elilawulayo, kubandakanya ukuzibophelela ekuphumezeni i-NDP. I-MTSF imisa amanyathelo aza kuthatyathwa nguRhulumente kunye neethagethi ekufuneka zifezekisiwe. Injongo ye-MTSF kukuqinisekisa ukuhambelana, ukulungelelana nokulungiselela kuzo zonke izicwangciso zikarhulumente kunye nolungelelwaniso neenkqubo zohlahlo-lwabiwo mali.

UMgaqo-nkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke 2030 (2012)	Ikhomishini yesiCwangciso sikaZwelonke ipapashe "IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke: Umbono wowama-2030" ngomhla we-11 kweyeNkanga yama-2011 njengenyathelo lokubonisa indlela entsha eMzantsi Afrika, ezama ukuphelisa intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngowama-2030. IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke sowama-2030: Ikamva lethu-lenze ukuba lisebenze" lapapashwa ngowama-2012.
I-OneCape2040. Ukusuka kumbono ukuya ekusebenzeni (2012)	I-WCG yamkele lo mbono kweyeDwarha wama-2012. Ijolise ekukhuthazeni inguqu kwikamva eliqakayo nelinamandla loqoqosho lweNtshona Kapa. Icacisa umbono wokuba abantu baseNtshona Kapa bangasebenzisana kanjani ekuphuhliseni uqoqosho lwengingqi kunye noluntu ngokubanzi, ngokwenza njalo, bekhokela ucwangciso kunye namanyathelo okukhuthaza ukuzibophelela kunye nokuphendula kuzinzo lwenkqubela phambili yexesha elide.
IsiCwangciso seQhinga lePhondo (i-PSP) 2019 -24	I-PSP sisicwangciso seminyaka emihlanu esimisela umbono kunye nezinto eziphambili kuRhulumente weNtshona Kapa ize yakhele kwiziseko ezibekwe ngexesha leekota ezimbini zokugqibela kwi-ofisi. I-WCG iyazibophelela ekwakheni urhulumente onobuchule obusekelwe kwiziseko ezisemgangathweni ezinika ithuba kwaye zikhuthaze uxanduva kwiNtshona Kapa ekhuselekileyo Umbono - iNtshona Kapa ekhuselekileyo apho wonke umntu aphumelelayo - uboniswa kubaluleko oluphenjelelwe ngumbono wesihlanu wesicwangciso seenjongo eziphambili (iiVIP) ezichongwe kwisithuba esiphakathi kowama-2019 ukuya kowama-2024 ezizezi, uLuntu olukhuselekileyo noluhlangeneyo;; Ukukhula kunye neMisebenzi; Ukuxhobisa abantu, ukuHanjiswa kunye nokuTshintshwa kweNdawo kunye; nenguqulelo neNkcubeko.
IsiCwangciso soVuselelo seNtshona Kapa (Uyilo) (2021)	Esi sicwangciso kukunakana kunye nokusabela kubhubhani we-KHOVIDI-19 kunye neziphumo ezibi zentlalo noqoqosho kubemi baseNtshona Kapa. Ichonga iingxaki ezifuna impendulo engxamisekileyo, yoluntu lonke ukuze kudalwe imisebenzi, kukhuthazwe uluntu olukhuselekileyo, nokukhuthaza impilo-ntle yabo bonke abemi baseNtshona Kapa. Esi sicwangciso siya kuphunyezwa ngaphakathi kwimiba emihlanu ephefumlelweyo yezicwangciso eziphambili ezichazwe kwi-PSP (2019-24).
IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo –weNtlalo-Ntle (1997)	IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo lisebenza njengesiseko sentlalo-ntle emva kowe-1994 ngokubonelela ngemigaqo-nkqubo ekhokelayo, imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zemimiselo yophuhliso lwentlalo-ntle.
IPhepha leNgcaciso loMgaqo-nkqubo waBemi (1998)	IPhepha leNgcaciso likhuthaza ukukhula okuzinzileyo kophuhliso lomntu kunye nomgangatho wobomi wabo bonke abantu base Mzantsi Afrika ngokudityaniswa kwemicimbi yabemi kucwangciso lophuhliso kumanqanaba ohlukeneyo karhulumente kunye nakuwo onke amacandelo oluntu. Eli Sebe ligunyaziswe ukuba libeke esweni ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo, kunye nefuthe lazo kwiindlela zokuphila kwabantu kunye nemiba yokuguquguquka kwimeko yophuhliso loluntu oluzinzileyo.
ISebe loPhuhliso loLuntu: uMgaqo-nkqubo kwiNkxaso-mali kweMibutho engeNzi Nzuzo ukuBonelela ngeNtlalo-Ntle kunye noPhuhliso loLuntu (2015) njengoko ulungisiwe kowama-2017	Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukuqinisekisa ukuba iintlawulo ezidluliswayo zilawulwa ngendlela ebonakalayo ekhuthaza ukuphendula, ukufikelela, ulawulo olululo, iimfuno zomsebenzi ocacileyo, kunye nemithetho-siseko yezolawulo ukulungiselela i-DSD ukuba ifezekise umsebenzi wayo wokubonelela ngothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso lwentlalo ezenza ukuba abo bahluphekayo, basesichengeni kwanabo banezidingo ezizodwa baxhotyiswe.
IPhepha leNgcaciso wiiNtsapho zaseMzantsi Afrika (2013)	Eyona njongo iphambili yePhepha leNgcaciso kukukhuthaza intlalo-ntle yosapho, ukukhuthaza kunye nokomeleza iintsapho, ubomi bosapho kunye nokubandakanya imiba yosapho kumalinge omgaqo-nkqubo obanzi owenziwa ngurhulumente. Eli Sebe liye laqulunqa isicwangciso sephondo sokumilisela kwePhepha leNgcaciso kwiintsapho ezamkelwa yiForum yeeNkonzo zoSapho ngowe-16 kweyoMsintsi wama-2016.
Isakhelo seeNkonzo zeNtlalo-Ntle yoLuntu (2013)	Isakhelo esivunyiweyo sikazwelonke sihambelana neModeli yoHanjiso lweenkonzo eziHlanganisiweyo (i-ISDM) kwaye ibonelela ngenkqubo esemgangathweni apho abasebenzi bezentlalo-ntle beya kubonelela

UMgaqo-nkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
	ngeenkonzozentlalo-ntle ezijongene nomgangatho ofanelekileyo, obanzi, odibeneyo, osekelwe kumalungelo, kunye nezixhobo ezifanelekileyo.
Imimiselo eQhelekileyo yeMigangatho yeeNkonzo zeNtlalontle yoLuntu (2013)	Ukubonelela ngemimiselo yokubonelela ngeenkonzozisemgangathweni zentlalontle kwaye wenze inxalenye yeSikhokelo seeNkonzo zeNtlalontle.
IsiCwangciso esiPhambili sikaZwelonke seZiyobisi sowama-2019 ukuya kowama-2024 (2019)	Isicwangciso sivumela ulungelelwano lwamasebe noogunyaziwe bengingqi ngokuhambelana noMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa gwenxa kweZiyobisi, onguNombolo 70 wama-2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ukuba ilizwe linempendulo efanayo kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.
Isakhelo sokuLawula kuMsebenzi weNtlalontle eMzantsi Afrika (2012)	Ibonelela ngesakhelo solawulo olusebenzayo loonontlalontle, oonontlalontle babafundi, oonontlalontle abancedisayo, abasebenzi abangabancedisi bezentlalontle, iingcali zentlalontle kunye nabasebenzi babucala ukuze kuqinisekiswa iindlela zokwenza umsebenzi wentlalontle onobuchule osebenza ngokufanelekileyo kubasebenzisi benkonzo kwicandelo lentlalontle eMzantsi Afrika.
Isakhelo soQinisekiso loMgangatho weNkonzo zeNtlalontle yoLuntu (V4) (2012)	Esi sakhelo sikazwelonke sibonelela ngenkqubo engaguqukiyo kunye nemigangatho ecacileyo yokuvavanya ukusebenza ngempumelelo kunye nokuqhubeka ukubonelela ngophuculo ngokubhekiselele kwiinkonzo zentlalo-ntle yoluntu.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha seSebe leNtshona Kapa loPhuhliso loLuntu (2013)	Ukukhokela, ukwazisa kunye nokwalatha iinkqubo zophuhliso lolutsha zeSebe kwaye uzibeke phambili kunye nokuzisa umlinganiselo owomeleleyo weziko kunye noqikelelo lwenkqubo. Isebenza njengesixhobo esibalulekileyo sokucwangcisa, esijolise ekujonganeni neemfuno zabantu abatsha bePhondo laseNtshona Kapa.
IsiCwangciso soPhuhliso loLutsha lwaseNtshona Kapa (2013)	Injongo yesicwangciso sophuhliso lolutsha (sephondo) kukudala inkxaso engaphezulu, amathuba kunye neenkonzozabo bonke abantu abatsha ukuba bazibandakanye ngcono nendalo yabo kunye nenguqu ngempumelelo yokuba ngabantu abadala abanoxanduva, abazimeleyo nabazinzileyo. Inika ingqalelo kubantu abatsha abakwinqanaba langaphambi kokuba lulutsha phakathi kweminyaka eli-10 ne-14 ubudala kunye nenqanaba 'lolutsha' phakathi kwe-15 nama-24.
IsiCwangciso soPhuhliso lwabaQalayo esiDibeneyo sePhondo 2011-2016 (2011)	Esi sicwangciso senza ukuba ukufikelela kumgangatho wokuphuhlisa kobuntwana obusaqalayo (i-ECD) (kubandakanywa iBanga R) esiya kuthi sinike abantwana ngobuninzi babo amandla okufumana ukomelela, ukuzithemba, izakhono kunye nobuchule bokuqinisekisa ukuba bangabafundi abaxhotyisiweyo kwaye abalungiselelwe iBanga loku-1 ukuya kwele-12.
UMgaqo-nkqubo kwiiNkonzo zoPhuhliso loLuntu kuBantu abaphila noKhubazeko (2017)	Eyona njongo iphambili kukukhokela nokulungelelanisa ukubonelelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu ezijolise kubantu abaphila noKhubazeko. Injongo yayo kukuqinisekisa ukuba isidima kunye namalungelo abo bonke abantu abaphila nokhubazeko ayakhuselwa kwaye ayafezekiswa, ngokubonelela ngeenkqubo zentlalo-zoqoqosho ezifanelekileyo kunye nokuqinisekisa ukubandakanywa kwabo.
Isakhelo soMgaqo-nkqubo - iNkonzo kuBantu abaphila noKhubazeko ngokwaseNgqondweni (2015)	Injongo yesakhelo kukuhanjiswa kweenkonzo ezilungelelanisiweyo nezifezekisiweyo kubantu abaphila nokhubazeko ngokwasengqondweni (i-PWID) ngokwahlukana kwamasebe/kwamacandelo ephondo ukuqinisekisa ngendlela ejolise ebantwini kwi-PWID kunye neentsapho zabo ngokuChonga iphrofayili yezidingo ze-PWID kumacandelo onke kunye nemisebenzi efanekileyo yesebe, uxanduva kunye neendlela zokufumana inkxaso-mali yokuhlangabezana neemfuno ezichongiweyo.
Isakhelo soPhuhliso lweNdawo kwiPhondo leNtshona Kapa (i-PSDF) (2014)	Isakhelo sisebenza njengesiseko, ukulungiselela, ukudibanisa kunye nokulungelelanisa "uyilo lwesiseko" ukuhanjiswa kweenkqubo zeSebe kuzwelonke nakwiPhondo; sixhasa oomasipala ukufezekisa igunya labo lokucwangcisa loomasipala ngokuhambelana ne-ajenda kazwelonke neyephondo; sixhasa kwaye sinxibelelanise iinjongo zophuhliso lomhlaba zikarhulumente kwicandelo labucala kunye nololuntu.
UMgaqo-nkqubo woPhononongo, ukuKhutshwa kunye nokuDityaniswa kwakhona	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo sophononongo, ukukhutshwa kunye nokudityaniswa kwakhona kwabahlali abagwetyiweyo kwii-CYCC ngokubeka kwiindawo zokukhathalela ezithile njengoko kubonelelwe

UMgaqo-nkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
kwabahlali abagwetyiweyo kumaziko eDSD okhathalelo lwabantwana nolutsha kwiNdawo engenaZithintelo kangako okanye kuKhathalelo lwaBazali (2014)	kwiSahluko se-11 soMthetho waBantwana, wama-38 wama-2005 kunye neMimiselo.
ISebe leNtshona Kapa leNkqubo yokuSebenza koMgangatho woPhuhliso loLuntu (i-SOP) lokuSuswa kwaBantwana abaseZitalatweni kwindawo yoKhuseleko nakwiNkqubo eziLandelayo (2015)	I-SOP yaphuhlisa njengesikhokelo samanyathelo okuqhubeka xa kususwa umntwana esitalatweni ofuna ukhathalelo kunye nokukhuseleka kwindawo yokhuseleko. Icacisa ngendima noxanduva lwabasebenzi beSebe kunye nabanye abachaphazelekayo kwiNPO nakumacandelo okugcina ucwangco. Iinkcukacha ze-SOP: amaxesha abekiweyo ekufuneka ethotyelwe; ibonelela ngenkcazo yabantwana abahlala ezitalatweni; apho inkqubo isebenza khona; eqaqambisa imithetho esetyenziswayo; kwaye iqulethe iinombolo zonxibelelwano zabachaphazelekayo.
ISakhelo sokuQinisekiswa koMgangatho wokubeka iliso kumsebenzi wentlalo-ntle kunye nokuhanjiswa kwenkonzo yophuhliso loluntu (2015).	Esi sakhelo sephondo sihambelana neSakhelo sokuQinisekiswa koMgangatho kazwelonke weNtalo-ntle yoLuntu (wama-2013) kwaye iphakamisa ubeko sweni lwendela yokusebenza eqinisekileyo ngendlela yokuqinisekisa umgangatho wophuhliso loluntu kunye neenkonzo zentlalo-ntle kwiSebe nakwicandelo lee-NPO kweli Phondo. Ikwajolisa kuphuculo lomgangatho kuhanjiso lweenkonzo kwaye ichaza imigangatho yokugqwesa ngenkonzo nendlela ekufuneka ibekwe iliso nemay ilawulwe ngayo.
UMgaqo wokuQinisekisa uMgangatho wamaziko okhathalelo lwaBantwana nolutsha 2016-88 (2016)	Lo mgaqo ukhuthaza ukumiliselwa okukuko komgaqo wokuqinisekisa umgangatho ojolise ekuthotyelweni komthetho wolawulo, ukuthobela ulawulo olumanyeneyo kunye nokuthobela ubhaliso kunye neMigaqo kunye neMigangatho kaZwelonke yeeMfuno zee-CYCC.
Umgaqo-nkqubo woPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo oDityanisiweyo kaZwelonke (2015)	Lo mgaqo-nkqubo ujolise ekuguquleni ukuhanjiswa kwenkonzo yokuphuhlisa kwabantwana abasaqalayo eMzantsi Afrika, ngakumbi ukujongana nezithuba ezibaluleke kakhulu kunye nokuqinisekisa ukubonelelwa ngenkqubo yokuphuhlisa komgangatho wokuphuhla komntwana kwinqanaba elifanelekileyo, nelifikeleleka kuzo zonke iimveku, abantwana abancinci, abantwana kunye nabo babakhathaleleyo njengoko kungumbono we-NDP.
Isicwangciso sePhondo leNtshona Kapa sokuBonelela amaziko okukhathalela aBantwana noLutsha (ii-CYCC) (2016)	Esi sicwangciso silawula ukubonelelwa ngokhathalelo olwaneleyo lokuhlala kwabantwana kwii-CYCC ngokuqhubekayo kokhathalelo kunye neenkqubo ezisekelwe kumaziko afanelekileyo kwiPhondo liphela, zihambelana neemfuno ezithile zePhondo, iimeko, ulwabiwo lwemali kunye nokufumaneka kweziseko zophuhliso.
ISakhelo esiCwangcisiweyo seSondlo noKutya kwamaKhaya soRhulumente waseNtshona Kapa (2016)	ISakhelo esiCwangcisiweyo seSondlo noKhuseleko loKutya eNtshona Kapa sijolise kwiintsilelo ezithile zenkqubo yokutya yangoku ukuqinisekisa ukuba iyabasebenzela bonke abahlali baseNtshona Kapa. ISakhelo esiCwangcisiweyo sicacisa iziphumo kunye neenkqubo ezinxibeleleana neenjongo ekunciphiseni indlela kunye nophuculo kwezempilo, isondlo, kunye nesiqhamo sokuxhasa bonke abantu abahlala eNtshona Kapa ngokukhokela ngokukhuthaleyo kunye nobomi obunesiqhamo.
INdlela kaWonke-wonke kuRhulumente weNtshona Kapa (i-WoSA) yoPhuhliso loQoqosho loLuntu (2018)	INdlela kaWonke-wonke (i-WoSA) inombono wokhuselo, uthungelwano lwentlalo, ukomelela kunye nokuxhobisa abemi kunye noluntu ngofikelelo olunobulungisa kwiinkonzo zentlalo kunye namathuba. Olu xwebhu lubonisa isakhelo sophuhliso oluhlangeneyo lwentlalo enenguqu ngendlela ebanzi. Iphuhliswe ngenjongo yokufumana isivumelwano kwindlela yokukhuthaza uphuhliso lwentlalo ngokusebenzisa "iNdlela kaWonke-wonke".
IPhepha leNgcaciso laMalungelo aBantu abaphila noKhubazeko (2015)	IPhepha leNgcaciso lingajina indlela yokufezekisa amalungelo abantu abaphila nokhubazeko ngokuqaphela uluntu olukhululekileyo nolunobulungisa njengabantu abalinganayo. Ikhokela kwaye ikhuthaza ukuzimela kwabantu abaphila ngoKhubazeko. Icacisa ngokubanzi uxanduva kunye neemfaneko zokuphendula ngeentsika ezilujilima ezilithoba ezicwangcisiweyo ezithi zenze umsebenzi wabo banenxaxheba noxanduva lokuphelisa ucalucalulo oluqhubekayo kunye nokubandakanyeka okwenzeka kubaNtu abaphila noKhubazeko. Oku

UMgaqo-nkqubo	Ifuthe ekusebenzeni kwe-DSD
	kukhokela iSebe loPhuhliso loluntu eNtshona Kapa (WCDS) ekuboneleleni ngaphandle kwesithintelo, ngokufanelekileyo, ngokusebenzayo kakuhle nokuhanjiswa kwenkonzo elungelelanisiweyo.
IsiCwangciso sokubeka Phambili ukuphila noKhubazeko 2015-2020 (2015)	IsiCwangciso sokubeka Phambili ukuphila noKhubazeko se-WCDS sisicwangciso seqhenga seminyaka emihlanu esikhokelela iSebe ekusebenziseni indlela esisiseko ngengeqhinga lokukhawulezisa ukususwa kwenkhalabo yokuphila nokhubazeko ukusuka kumda ukuya kwindawo yomtsalane ngokuhanjiswa kweenkonzo kwiSebe.
IsiCwangciso-qhinga seSizwe soBundlobongela obuSekwe kwiSini kunye nokuBulawa kwabaseTyhini (2020)	Ibonelela ngomgaqo-nkqubo wobuchule obubandakanya amacandelo amaninzi kunye nesakhelo senkqubo ukuqinisekisa ukusabela kukarhulumente woMzantsi Afrika kunye nelizwe ngokubanzi kulungelelwaniso lukazwelonke kwintlekele yobundlobongela obusekelwe kwisini kunye nokubulawa kwabasetyhini, kugxilwe ngokukodwa kubundlobongela obujoliswe kwabasetyhini kunye nabantwana.

2. ImiGaqo-nkqubo neziCwangciso zeSebe kwisithuba seminyaka emihlanu sokucwangcisa


Ubhubhane we-KHOVIDI-19 wenze ukuba urhulumente aphenzule ngokukhawuleza ukuze alawule ukusasazeka kwale ntsholongwane kunye nokukhawulezisa ukuhanjiswa kwenkonzo ingakumbi ngendlela yoncedo loluntu, ukhathalelo nokhuseleko lwabantwana, ukuthonyalaliswa kwe-GBV, inkxaso yabantu abangenamakhaya kunye nokubonelela nge-PPE kubasebenzi nakumahlakani ee-NPO. Ngokukhokelwa yi-PSP, isiCwangciso soBuyiselo se-WC sichaza impendulo yeqhinga lesicwangciso sikarhulumente wephondo sexesha elifutshane ukuya kweliphakathi kwimpembelelo yentlalo noqoqosho ye-KHOVIDI-19. Isicwangciso sisekelwe kwimixholo emine- i-KHOVIDI-19 yoBuyiselo, iMisebenzi, iNtlalontle kunye noKhuseleko, kwaye igxile ekugcinweni kwesidima somntu kunye neyeqela. Imigaqo-nkqubo yeSebe kunye neqhinga lezicwangciso zilungelelaniswe ubukhulu becala kuKhuseleko neNtlalontle ephambili kwisiCwangciso. ISebe liza kuqhubeka ukudlala indima ebalulekileyo ekuboneleleni ngoncedo noncedo kwabangenamakhaya; ukuphunyezwa kweenkqubo zoncedo lokutya nenkxaso yesondlo; ukubonelela ngenkxaso ye-ECD PPE; inkqubo yenkxaso yomfundi ye-ECD; iphulo lobhaliso lwe-ECD; kunye nokubonelela ngenkxaso yengqondo nentlalontle kwiindawo ezichongwe njezisigqabu seKHOVIDI-19. Uninzi lwezi ndawo kukuqhubeka kongenelelo oluphunyezweyo ukuxhasa isiCwangciso sokuBuyiselo lweNtshona Kapa kunyaka-mali wama-2020/21. ISebe liza kuphinda lidlale indima exhasayo kuphuhliso lwenkqubo yokhuseleko yokucupha kunye nokubeka emephini ungenelelo lokhuseleko lwe-WCG, kugxilwe ngokukodwa kwiindawo ezili-11 ezigquba ulwaphulo-mthetho, ngokunjalo nokwenziwa kwemephu yeenzame zoncedo lokutya kwiphondo liphela.

Imigaqo-nkqubo yeSebe kunye nezicwangciso zayo zihlala zihambelana nezicwangciso zobuchule kuzwelonke nakwiphondo. Kwinqanaba likazwelonke, le migaqo-nkqubo kunye nezicwangciso zihambelana nokuPhambili kwesi-4 kwe-MTSF kowama-2019-2024 ezizezi, "Ukuhlanganisa imivuzo yentlalontle ngeenkonzo ezisisiseko ezithembekileyo nezisemgangathweni", ngalo ndlela i-NDP. Kwiphondo, ukuphunyezwa kwale migaqo-nkqubo kunegalelo ekufezekisweni okuqhubekayo kwe-WCG ye-VIP yoku-1: "Uluntu olukhuselekileyo noLubambeneyo" kunye ne-VIP yesi-3: "UkuXhobisa abantu" ngeziphumo eziPhambili zeSebe kunye noKhuseleko. IsiCwangciso soBuyiselo se-WC, imixholo yoKhuseleko kunye neNtlalontle izandiso ze-WCG VIP yoku-1 kunye ne-VIP yesi-3.

OkuPhambili kwiSebe kukufuna ukuphuhlisa nokubonelela ngongenelelo olusekelwe kubungqina kubazali, abanonopheli kunye neentsapho ezisemngciphekweni ngokunciphisa ukuba sesichengeni kunye nokwakha ukomelela kosapho noluntu. Ingqokolela yongenelelo iquka iinkqubo eziyalalwe yinkundla zokugenelela kwangithuba eziquka ukugcinwa kosapho, iingcebiso zomtshato, iinkonzo zenkxaso ngokwasengqondweni, kwakunye neenkonzo ezisemthethweni ezifana nolamlo olusesikweni, amalungelo obuzali kunye nezivumelwano zoxanduva lokhathalelo lwabantwana, kunye nokugenelela emva komthetho olufana nokumanyana kosapho, ubonelelo ngononophelo olulolunye olukhuselekileyo kubantwana, abantwana abachasene nomthetho, abantwana abasalinde ukuxoxwa kwetyala kunye nabantwana abagwetyiweyo. Iinkonzo ezongezelekileyo zibandakanya ukudityaniswa kwakhona kweentsapho zabantu abadala abangenamakhaya ngokusetyenziswa kweendawo zokuhlala zokhuseleko ezixhaswa ngemali lisebe kunye neenkqubo

zokuxhotyiswa kwamaxhoba ezibonelela ngeendawo ezikhuselekileyo neendlela zokuthunyelwa kunyango olulodwa, ukubuyisela kwisimo sangaphambili kunye neenkonzzo zokukhathalelwa kwabasetyhini nabantwana abachatshazelwa yi-GBV. Umba oPhambili ngoKhuseleko lweSebe uya kugxininisa ekuvaleni umsantsa phakathi kwesikolo kunye nenkqubo yokhuselo lwabantwana kwaye iya kuchonga, ivavanye kwaye ibonelele ngenkxaso yentlalo-ntle ngokwasengqondweni nakwintlalo-ntle eyodwa kubantwana nolutsha olusemngciphekweni kwizikolo zamabanga aphantsi naphakamileyo kwiindawo ezili-11 apho kugquba ulwaphulo-mthetho kwiphondo.

Isazobe soku-1: IiNdawo ezihamba Phambili zoLwaphulo-mthetho zeSixeko/IsiCwangciso soKhuselo ngeDSD nganye yeNdawo yoHanjiso lweNkonzo.



3. IziGwebo zeNkundla eziFanelekileyo

IForum yeNtshona Kapa yoKhubazeko lweNgqondo: Inombolo yetyala lomyalelo wenkundla: 18678/2007

Isigwebo esawiswa ngomhla we-11 kweyeNkanga yowama-2010 salathise urhulumente ukuba abonelele ngeendlela ezizizo zezidingo zemfundo zabantwana abaphila nokhubazeko olumandla. Ngokuthobela umyalelo wenkundla, iSebe libonelela ngemivuzo kubakhathaleli nakubaphumezi benkqubo yabantwana bokhubazeko lwengqondo kumaziko okhathalelo lize linikele ngenkxaso-mali kuthutho lwaba bantwana ukuya nokubuya kumaziko.

Inkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (iCandelo lePhondo laseGauteng-eTshwane) efaneleke kubantwana abanengxaki yokuphazamiseka kakhulu okanye ephazamisayo yokuziphatha, inombolo yetyala 73662/16

Umyalelo wenkundla wawiswa ngowesi-2 kweyeThupha wama-2018, eyalela iSebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu, elezeMpilo nelezeMfundo ukuba lenze ubonelelo olulolunye lokhathalelo olufanelekileyo, iinkonzo zempilo ngokwasengqondweni, kunye nezidingo zemfundo yabantwana abanengxaki emandla yokuphazamiseka kakhulu okanye ephazamisayo yokuziphatha. Ikomiti ejongene nolawulo lweprojekthi yamasebe yasekwa ukubeka iindlela zokujongana nale meko ngokuqulunqwa komgaqo-nkqubo wobambiswano kunye nesicwangciso sophunyezo.

Inkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (eNtshona Kapa) efanelekileyo kumaxhoba odushe olusekelwe kwisini, inombolo yetyala SS17/2017

Isigwebo sawiswa ngomhla wama-21 kweyoMsintsi ngowama-2017, eyalela iSebe le-WCG loPhuhliso loLuntu ukuba linikezele ngenkonzo yexesha elide yokubeka iliso, ukucebisa kunye neenkonzo zokhathalelo lwasemva kwexesha kumaxhoba olwaphulo-mthetho ngezesondo. Ukongeza, iSebe kufuneka liqinisekise ukuba iinkonzo ekubonelelwa ngazo yi-DSD enikezela ngenkxaso kwii-NPO luyangqinelana nezivumelwano zodluliselo lwentlawulo (ii-TPA).

Inkundla ePhakamileyo yoMzantsi-Afrika (iCandelo laseGauteng-ePitoli) ehambelana nenkqubo yokhathalelo lokondla umntana, inombolo yetyala 55477/2020

Isigwebo sawiswa ngomhla we-12 kweyeNkanga yowama-2020, siyalela iSebe likaZwelonke kunye nelePhondo loPhuhliso loLuntu kunye ne-SASSA ukuba ibonelele ngentlawulo eqhubekayo nolawulo lwemiyalelo yokondla abantwana abangenabani ephelelwe lixesha ukususela kweyeNkanga wama-2019. ISebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu layalelwa (ngaphakathi linyanga ezili-12 zomyalelo), ukulungiselela nokwazisa izilungiso eziyimfuneko kuMthetho waBantwana, wama-2005. Ngaphaya koko, nawuphi na umyalelo wokukhuliswa kwabantu abangenabani othe wapelelwa ngexesha lomyalelo wenkundla wawuthathwa njengosemthethweni kwaye usebenza kangangeenyanga ezili-12 ukususela kumhla womyalelo wenkundla okanye de umntwana abe neminyaka eli-18 ubudala. Ukongeza, iSebe lePhondo loPhuhliso loLuntu liyalelwe ukuba lifake iingxelo zenyanga ezintathu malunga nenkqubela kulo mba.

Ulungelelaniso lwezinto eziPhambili zeHlabathi kunye nezikaZwelonke

Imigaqo-nkqubo yeziko kunye nohlahlo-lwabiwo mali lweSebe zihambelana nokuPhambili kwesi-4 kwe-MTSF yowama-2019-24 "Ukudityaniswa kwemivuzo yoluntu ngokusebenzisa iinkonzo eziziziseko ezithembekileyo nezisemgangathweni". Oku kuphambili kulungelelene ne-VIP yoku-1 neyesi-3 ngokulandelelana kwazo zePhondo: "uKhuseleko noLuntu oluBumbeneyo" kunye noXhotyiso loLuntu" ngokusebenzisa okuPhambili koKhuseleko ne-Apex yeSebe.

ISebe liyinxalenye kwiinjongo ezininzi zamazwe aphenesha kunye nee-ajenda kwaye ngenxa yoko linoxanduva lokuziphumeza. Imizekelo yazo yi-Ajenda yeZizwe eziManyeneyo' (i-UN) yowama-2030 kunye neeNjongo¹ zoPhuhliso oluZinzileyo (ii-SDG). Iminqweno echazwe kwintlokomu yee-SDG nezo

¹ Inkqubo yoPhuhliso lweZizwe eziManyeneyo (i-UNDP), yama-2015 kwi <https://www.undp.org/content/undp/en/home/sustainable-development-goals.html> (ifikelelwe ngowama- 23 kweyeDwarha wama- 2019)

zifunyenwe kwi-NDP yowama-2030 kunye nee-VIP zeKhabhinethi yePhondo laseNtshona Kapa kwakunye namagunya omthetho nomgaqo-nkqubo weSebe.

Iinkqubo zeSebe zikwalungelelaniswa neZithembiso zeHlabathi ezahlukeneyo, imiNqophiso kunye neziVumelwano ezibhekisele kuKhathalelo kunye noKhuseleko loMntwana, umzekelo, iNgqungquthela ye-UN kumaLungelo oMntwana (i-UNCRC) i-African Charter kumaLungelo kunye neNtlalo-ntle yoMntwana (yama-2000). INgqungquthela yeHague ngemiba yoLuntu yokuthimba abantwana (yowe-1997) kunye neNgqungquthela yeHague kuKhuseleko lwaBantwana neNtsebenziswano ngokubhekisele kwi-Intercountry Adoption (yowama-2003)). Eyona nto iphambili kule minqophiso, izibophelelo nezivumelwano zamazwe zingafunyanwa kwimithetho nakumagunya omgaqo-nkqubo weSebe.

Ngokumalunga nezithethe kunye nemigangatho yokhathalelo kunye nenkxaso yaBantu aBadala, iSebe lijonga isiCwangciso seZizwe zeMadrid soKwenza kuBudala kunye neSibhengezo kumaLungelo aBantu aBadala. Ekuboneleleni ngeenkono kubantu abaphila noKhubazeko iSebe likhokelwa zizithethe nemigangatho njengoko kuqulathwe kwiNgqungquthela ye-UN kumaLungelo aBantu abaphila noKhubazeko (i-UNCRPD).

Ngokuphathelele kwinkqubo yoThintelo loLwaphulo-mthetho kunye nokongeza kwezo zikhankanywe apha ngasentla, iSebe lizibophelela ngemigangatho yokuthintela ulwaphulo-mthetho kwi-UN kunye nemithetho engephi efana:

- Nemithetho eNgephi yeMigangatho ye-UN kuLawulo loBulungisa boLutsha (iMithetho yaseBeijing): ye-1985
- Nemithetho yoKhuseleko lwaBatsha aboHluthwe iNkululeko yabo (iMithetho ye-UN JDL) ye-1990 – (yama-2009)
- Umnqophiso weZizwe ngezizwe kumaLungelo ezoPolitiko nawoLuntu (i-ICCPR) we-1966
- Ingqungquthela echasene noNgcungcuthekiso kunye neNye iNkohlakalo, ukuNgabinabuntu okanye iMpatho eHlazisayo okanye iSohlwayo (i-CAT) yama-2008

Iminqophiso yamalungelo oluntu ezizwe ngezizwe ifuna amaqela kaRhulumente athathe amanyathelo okuqinisekisa ukuba amalungelo abantu abasetyhini ayahlonitshwa ngumthetho kwaye aphelisa ucalucalulo, ukungalingani, kunye nezenzo ezichaphazela kakubi amalungelo abasetyhini. Phantsi komthetho wamalungelo oluntu lwezizwe ngezizwe, abantu basetyhini banokuba nelungelo lokufumana amalungelo ongezelelweyo anje ngalawo anxulumene nokhathalelo lwempilo. Iinkqubo zoxhotyiso lwamaxhoba ezinikezelwa liSebe zilungelelene nokuzibophelela kwamazwe jikelele anxulumene noko ne:

- ISibhengezo se-UN seMithetho-siseko yoBulungisa bamaXhoba oLwaphulo-mthetho nokuSetyenziswa gwenxa kwaMandla (se-1985)
- Ingqungquthela yokuPheliswa kwazo zonke iintlobo zoCalucalulo ngokuchasene nabasetyhini (i-CEDAW) ye-1979 (yama-2016)
- Inkqubo ye-UN yokuThintela, ukuPhelisa kunye nokoHlwaya ngokuRhweba ngaBantu yama-2000
- Ingqungquthela echasene noNgcungcuthekiso kunye neNye iNkohlakalo, ukuNgabinabuntu okanye iMpatho eHlazisayo okanye iSohlwayo (iCAT) yama-2008
- Ingqungquthela yeZizwe ngezizwe yoMbuthe waBasebenzi (i-ILO) iiNgqungquthela yoNyanzelo lwabaBasebenzi ze-1930 (ngowama-2014 ukuya kowama-2016)

Ungenelelo oluphathelele kuthintelo lokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, unyango kunye nohlaziyo, iSebe lihambelana neNgqungquthela kwiZinyobisi eziHlasela ingqondo kunye noMgaqo woPhuhliso woLuntu lwaseMazantsi e-Afrika yokuLwa iZinyobisi ezingekho mthethweni. Nangona uMzantsi Afrika ungatyiKityanga sigqibo kwiNgqungquthela ye-UN ngokuchasene nokuThengiswa ngokungekho mthethweni kwezinyobisi zeNarcotic kunye neNdibano eNye kwiZifo eziNqabileyo ze-Narcotic, iyabhalisa kwimigaqo kunye nomxholo wale ndibano.

Icandelo B: UGxilo Lwethu lwesiCwangciso

Umbono

Uluntu oluzimeleyo.

Umqondiso

Ukuqinisekisa ngobonelelo lothungelwano olubanzi lweenkonzo zophuhliso lwentlalo ezenza nezinika amandla kwabahlwempuzekileyo, abasesichengeni kunye nabo banezidingo ezikhethekileyo.

Iimpawu zentsulungeko

Eyona ntsulungeko kaRhulumente weNtshona Kapa (WCG), elithi iSebe linike inkxaso, yile ilandelayo:



Caring



Competence



Accountability



Integrity



Innovation



Responsiveness

4. Uhlalutyo lweMeko

ISebe landise ifuthe lalo lephondo kwaye lakhula ukusuka kwi-ofisi kandlunkulu omnye onee-ofisi ezili-16 zesithili ngowama-2009 laya kutsho kwenye i-ofisi kandlunkulu eyongamele ii-ofisi ezintandathu zemimandla nee-ofisi ezingama-45 zasekhaya kuquka iindawo ezahlukeneyo zenkonzo. Kwiindawo ezisemaphandleni apho ufikeleleko luhlala lunobunzima ngokomgama, kucingelwa ukuba ubuncinane linye iqela elinikezela ngenkonzo emalisekwe kumasipala ngamnye wezakhaya. Ukongeza, iSebe linezivumelwano ezingaphezulu kwama-2000 namaqabane ee-NPO ukubonelela ngeenkonzo ezinobambiswano kuzo. ISebe eli ngolu thungelwano lubanzi liqinisekisa ukuba iinkonzo zisondezwa eluntwini, ukunceda abo baswelelo.

4.1 Uhlalutyo lweMeko yangaPhandle

Okona kufuneka kuqwalaselwe ekubekeni phambili unikezelo lweenkonzo liSebe kulo nyaka uzayo, lifuthe lezentlalo noqoqosho ngokubanzi le-KHOVIDI-19 kunye nemilinganiselo elandelayo yokumiswa ngxi kweentshukumo ebantwini, kumakhaya, kuluntu kunye nasekunikezelweni kweenkonzo zeSebe. Ukubaluleka okukhulayo kuyakusoloko kungumba kwaye kuza kuba njalo, umba wabasebenzi kunye nokhuseleko lwabathengi. Oku kuza kufuna ungenelelo oluthe gqolo luphakamisa ukubaluleka kokufikelela eluntwini, ukunxitywa kweemaski, ukucocwa kwezandla kunye nomgangatho kunye nokuphunyezwa kwesiCwangciso sesiGqubu se-KHOVIDI-19 sePhondo ngokusebenzisana namasebe aphambili ephondo afana nelezeMpilo neMfundo.

Inani labemi bephondo lilonke liqikelelwa kwi-7.1 sezigidi ngowama-2021². Iziko leeNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (i-Stats SA) (2020) iqikelela ukuba kuya kubakho amakhaya angaphezu kwezigidi ezi-2 eNtshona Kapa ngowama-2020 anamalungu³ ama-3.4. Kwikota yokuqala yowama-2020, izinga lentswela-ngqesho kwiphondo lalingama-20.9 eepesenti⁴ (i-Stats SA, 2020) nto leyo ethetha ukuba omnye kwisihlanu akaphangeli. Emva kokunyuka kokuqala kwentswela-ngqesho kwikota yokuqala kowama-2020, izinga lentswelo-ngqesho lehlile laya kutsho kwi-16.6 leepesenti kwikota yesibini ngaphambi kokuba linyuke kwisiqingatha sokugqibela sowama-2020, libeka izinga

² IiNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (2020). Uqikelelo lwaBemi lwaPhakathi eNyakeni, kowama-2020. Uqikelelo lwePhondo ngokwesini kunye nobudala (2021-2025).

³ IiNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (2020). Uqikelelo lwaBemi lwaPhakathi eNyakeni, kowama-2020 kunye ne-DSD PPU ehlehlengisiweyo kwiPhondo le-MYPE2020.

⁴ IiNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (2020). UPhando lweKota lwaBasebenzi i-QLFS Q4:2020. EziseMatheni ze-QLFS kowama-2008-2020Q4.xls.

lentswela-ngqesho kuma-22.5 ekhulwini ekupheleni kowama-2020. ngokunyuka kwamanani abantu abangaphangeliyo. Xa kuthatyathwa inkcazelo eyandisiweyo yentswela-ngqesho, ebandakanya abangaphangeliyo, abangaphangeliyo, intswela-ngqesho ikhule ukusuka kuma-24.8 eepesenti kwikota yokuqala yowama-2020 ukuya kuma-26.8 ekhulwini kwikota yesine yowama-2020⁴.

I-National Income Dynamic Study (i-NIDS)-Coronavirus Rapid Mobile Survey (i-CRAM) Wave 3⁵ Data ibonise ukonyuka okuphawulekayo kwendlala yamakhaya kuzwelonke kwezi nyanga zintathu zidlulileyo zonyaka wama-2020. Uphando lwakutsha nje olwenziwe ISebe⁶ ubonakalisa ukuba ukumiswa ngxi kweentshukumo kunyuse umngcipheko wokunqongophala kokutya kunye nendlala kwiindawo ezikuMasipala oMbaxa kunye nezingezizo ezeMetro zephondo ngenxa yokulahleka kwemisebenzi kunye nokukhula kwentswela-ngqesho. Ngenxa yoku, amalungu amaninzi ekhaya ayengakwazi ukuzondla wona neentsapho zawo. Oku kunqongophala kwemithombo yobutyebi kubangele uxinzelelo olukhulu kumakhaya. Iinzame zemibutho engekho phantsi kukarhulumente kunye namaphulo okutyisa asekelwe kuluntu ekuboneleleni ngoncedo lwesondlo awazange akwazi ukuzinza ngenxa yeenkxalabo malunga nokuncitshiswa kwenkxaso-mali yabaxhasi. Oku, kunye nefuthe lexesha elide loqoqosho lokumiswa ngxi kweentshukumo kuza kwandisa ukuxhomekeka kwiinkqubo zokutyisa zikarhulumente. ISebe liyakuqhuba libonelela ngokutya kubaxhamli ekujoliswe kubo kwiindawo zalo zokutyisa kunye nee-CNDC. Oku kunye nenkxaso kumakhitshi asekuhlaleni kuya kuba ngamaphulo okunciphisa abalulekileyo ngokubhekiselele kukhuseleko lokutya kulo nyaka uzayo.

Eyona nto ixhalabisayo lifuthe le-KHOVIDI-19 kunye namaphulo okumisa ngxi iintshukumo ebantwaneni. Kuqikelelwa ukuba ngama-2 012 781 abantwana⁷ abaphakathi ko-0 ne-17 leminyaka ubudala abahlala eNtshona Kapa⁸ besenza malunga isinye esithathwini sabemi. Kwiqela leminyaka yobudala ukusuka ku-0 ukuya kwe-4, iphondo linabantwana abamalunga nama-564 067. Abantwana kwezona ndawo zePhondo zisesichengeni nezingahoywanga zijongene nomngcipheko omkhulu wokuphathwa gadalala kunye nobundlobongela njengoko kubonakaliswa kwindlela emalunga nokubulawa kwabantwana kunye nokuxhatshazwa ngokwesondo. Iinkonzo zokhathalelo kunye nokhuseleko kubantwana ziyaqhubeka nokuba yeyona nto iphambili ekugxilwe kuyo kumisebenzi weSebe. ISebe liya kuqhubeka liphumeza isigunyaziso salo esisemthethweni ngokumalunga nokhathalelo nokhuseleko lwabantwana kunye nokuphucula amandla alo ngokubhekiselele kunxibelelwano lweenkonzo zothintelo kunye nongenelelo kwangethuba (umzekelo, amaZiko oLondolozo lweSikolo; amaziko oKhathalelo lwaseMva kweSikolo (i-ASC) kunye nenkqubo yonxibelelwano lwe-Isibindi). Iinkonzo zothintelo kunye nokungenelela kwangethuba ziya kugxila kuphuhliso longenelelo olusekelwe kusapho olungqiniweyo lokunciphisa ukuba sesichengeni kwabazali, abanonopheli kunye neentsapho ezisemngciphekweni.

Ngowama-2013-2018 kuye kwabakho indlela yokunyuka ukusuka kunyaka-mali ka-2013/14 apho amatyala okugetyengwa⁹ kwabantwana ali-178 athe axelwa kweli phondo xa kuthelekiswa namatyala axeliweyo angama-237 kunyaka-mali wama-2017/18. Nangona ifuthe lokumiswa kweentshukumo ngokomisebenzi kubantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko lingenakuchazwa ngokucacileyo, iyaxhalabisa into yokuba uxinzelelo olumandla kumakhaya lunokuba negalelo kubunzima obungaphaya ebantwaneni. Umzekelo, ukukhula kokungakhuseleki kokutya kwimimandla yeli phondo ebikade inengxelo ephezulu yokudodobala kwabantwana kunye nokungondleki ngaphambi kokufika kwe-KHOVIDI-19, kuya kuba nefuthe elibi kwiziphumo zokukhula kwexesha elide labantwana abasemngciphekweni. Umba wokuba sesichengeni kwabantwana ubeka ugxininiso kwimfuno yokujongana nemiba enxulumene nomngcipheko eluntwini. ISebe liya kuthi ke ngoko ligxile ekuphuhliseni ukomelela ngokubonelela ngogcino lweentsapho nokomelezwa kweenkonzo. Ukomelezwa kosapho yinto ebalulekileyo yeSebe njengoko ibonelela ngokhuseleko lwabantwana ngokwakhiwa kunye nenkxaso yeentsapho. Ukuzithemba okuphuculiweyo, indlela

⁵ IsiFundo seNational Income Dynamic (2021). Ingxelo yoHlanganiso. I-NIDS-CRAM Wave 3.

⁶ ICandelo loPhando, uLawulo lwaBemi kunye noLwazi (2020). Ngaba indlela iyakhula ngenxa ye-KHOVIDI-19? – Amava e-DSD. Ingxelo engapapashwanga.

⁷ IiNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (2020). UQikelelo lwaBemi lwaPhakathi eNyakeni, 2020 abudala abangatshatanga ngokwePhondo 2002-2020.

⁸ IiNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (2020). UQikelelo lwaBemi lwaPhakathi eNyakeni, 2020 kunye ne-DSD PPU yezibalo kunye noqikelelo lwengqikelelo ukuya ku-2030.

⁹ ISebe loPhuhliso loLuntu (i-DSD), kowama-2019. UHlalutyo lwangaPhakathi lweeNkcukacha zokuGetyengwa koMntwana ze-SAPS eNtshona Kapa kowama-2013-2018.

yokuziphatha, isondlo kunye neziphumo zemfundo zonke ziinzuzo zobuzali obusempilweni kunye neentsapho ezikwaziyo ukunyamezela. Oku kuye kwabaluleka ngakumbi xa kujongwa impembelelo ye-KHOVIDI-19 kumakhaya asemngciphekweni njengoko kubonakala ukwanda kwemfundo yeenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo-ntle kwiintsapho eziqatshelwe kwiinyanga ezisixhenxe zokuqala zonyaka-mali wama-2020/21.

Ukuphuyezwa kwesiCwangciso soLawulo lokuKhathalelwa kwaBantwana kunye nokuphuculwa kweenkonzo zokhuseleko lwabantwana iiyure ezingama-24 ingakumbi kwiindawo ezinemfundo eyongeziweyo kunye nomsantsa wonikezelo lweenkonzo ngongenelelo olubalulekileyo luza kufakwa kwiziko. Oku kuya kuxhaswa ziinkonzo ezisekelwe kuluntu ekuhlaleni ngendlela yokuqaliswa kweNkqubo eHlangeneyo ye-Isibindi ngokuququzelela amaZiko olondolozo, ukuthunyelwa kweenkonzo zoluleko kunye nenkqubo yongenelelo ye-Eye-on-the-Child. Ukudityaniswa kwezi nkonzo kujolise ekwenzeni iinkonzo zokhuseleko lwabantwana zifikeleleke ngakumbi kuluntu. Iindawo ezisemngciphekweni omkhulu ziya kuchongwa ukulungiselela ukuqaliswa kweprojekthi. Abasebenzi basekuhlaleni baya kuqeshwa baze baqeqeshelwe ukuchonga abantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko baze baxelele imatyala kwiSebe ukuze kungenelelwe kuwo ngokusemthethweni. Ukuvalwa kweNkqubo ze-ECD ngexesha lokumiswa ngxi kweentshukumo komsebenzi kuye kwandisa ukuba sesichengeni kwabantwana kwaye kwalwenza buthathaka eli candelo libalulekileyo lonikezelo lweenkonzo. Yiyo loo nto imiba yokhuseleko, uphuhliso lwengqondo, kunye nesondlo iya kuhlala iyingqwalasela yongenelelo lwe-ECD. Oku kuya kuqhubeka kuxhaswa ngokuthi kumiselwe ubhaliso ngokusemthethweni lwe-ECD kunye nokubhaliswa kwakhona ukuze kumiselwe umgangatho woncedo nomgangatho wenkqubo kwakunye nokwandiswa kweenkonzo ze-ECD ngeSibonelelo-mali esineMiqathango se-ECD kunye, nokwandiswa kwenani lee-ECD eziya kuthatha inxaxheba kwinkqubo yenkxaso yomfundi owodwa we-ECD.

Ngokumalunga nolutsha, iNtshona Kapa ilikhaya kulutsha oluzizigidi ezi-2.4 oluphakathi kweminyaka eli-15 nama-34 ubudala¹⁰. Ngowama-2018, ulutsha oluli-188 195 lwalungaphangeli, lungasebenzi okanye lungasebenzi kwaphela. Iingcali ngezifo zentlalo ezifana nokusetyenziswa kakubi kwezinyobisi kunye nokubandakanyeka kwimigulukudu iyaqhubeka nokuba nefuthe elibi kwintlalontle yabantu abatsha. Oku kudityaniswa noqoqosho olubuthathaka loMzantsi Afrika kunye nokungabikho kwamathuba engqesho kukhokelele kwimfuno ephezulu yeenkonzo kulutsha. IKHOVIDI-19 kunye namaphulo okumiswa ngxi kweentshukumo okubandakanya ukuvalwa kwezikolo kuphazamise ukufunda ephondweni kwaye kuza kuba nefuthe lexesha elide kwisimo semfundo yolutsha kwakunye namathuba alo engqesho. ISebe liza kuqhubeka ligxininisa kuphuhliso lolutsha ngokubonelela ngezakhono, uqeqesho kunye namathuba ophuhliso aza kuphucula ukuqesheka kwawo aze akhuthaze indlela yokuphila eyakhayo kunye nokuba ngabemi abanenkathalo ngamaqonga ngamaqonga ahlukeneyo, kuquka neeCafé zoLutsha. Oku kuquka uqeqesho lwezakhono zobuxhakaxhaka balemihla be-intanethi kusetyenziswa inyathelo le- "I-CAN-LEARN" ngentsebenziswano noGoogle kunye ne-IBM kwakunye nokuchaza iprofayile yolutsha oluzimasa iCafé zoLutsha. Inkqubo yeeCafé zoLutsha iza kuhlolwa, kuze kwenziwe izicwangciso zokwandisa ukufikelela kwiindawo ezingafumani kakuhle iinkonzo.

Ngokubhekiselele kuBantu abadala, iNtshona Kapa inabantu abangama-494 469 ababudala bungama-65 nangaphezulu¹¹. Uqikelelo lwabemi lubonisa ukuba abantu abangaphezulu kweminyaka engama-65 baya kukhula babengama-694 225 ngowama-2030. Ukuguga kwabemi baseNtshona Kapa kubonakaliswa kukukhula okuqikelelwa kuma-40 epesenti kwini labantu abakwinqanaba elineminyaka engama-65 nangaphezulu ekuqikelelwa ukuba liya kwenzeka kule minyaka ilishumi izayo. ISebe liza kuqhubeka ukuqinisekisa ukufikelela kwiinkonzo zophuhliso loluntu ezisemgangathweni kuBantu abadala ngokubonelela ngokuphila ngokuzimeleyo noncedo, ukhathalelo olubuthathaka kunye nongenelelo olufanelekileyo olusekelwe kuluntu. Ngokwe-KHOVIDI-19, abantu abadala ngabona basemngciphekweni wokosuleleka. Ngelixa iindlela zokuvala ezinje ngofikelelo lwabatyeleli kunye namalungu osapho kwiindawo zokuhlala ziwunciphisile umngcipheko, kudale imiceli mngeni eyongezelelweyo yempilo yengqondo ngenxa yexesha elide lokuhlala bodwa kunye nokungabikho konxibelelwano neentsapho zabo. ISebe liza

¹⁰ ICandelo loPhando, uLawulo lwaBemi kunye noLwazi (2020). Ngaba indlela iyakhula ngenxa ye-COVID-19? – amava eDSD. Inxelo engapapashwanga

¹¹ IiNkcukacha-manani zoMzantsi Afrika (2020). Uqikelelo lwaBemi lwaPhakathi eNyakeni, uqikelelo lwePhondo lowama-2020 ngokwesini kunye nobudala (2021-2025).

kuqhubeka ukubeka esweni izinga losulelo kunye nokuxhasa imigaqo yezempilo nokhuseleko kumaziko okuhlala kwiphondo liphela, ngelixa likwasebenzela ukuqinisekisa ukuba isidima kunye namalungelo abantu abadala ayagcinwa.

ISebe liza kuqhubeka ngongenelelo lolungiso olumalunga naBantu abaphila noKhubazeko, kunye nokubonelela ngeenkono zokuhlala kunye nololongo lwasemini. Oku kuya kubandakanya ukuxhasa, ukubandakanya kunye nokukhuthaza amalungelo, intlalontle kunye nokuxhotyiswa kwezentlalo noqoqosho kwabantu abakhubazekileyo, iintsapho zabo kunye nabo babanonophelayo. Ukuncedisana nolu ngenelelo kukuphakamisa ulwazi ngemingeni abajongene nayo abantu abaphila nokhubazeko kunye nokubonelela ngenkxaso eyimfuneko kwaba bantu ukuze baxhotyiswe kwaye babe nethuba elilinganayo lokuthatha inxaxheba kuwo onke amanqanaba obomi.

Izehlolo zolwaphulo-mthetho ekuhlaleni eNtshona Kapa zihleli ziyinkxalabo ngenxa yeziphumo eziyingozi kwintlalontle yeli phondo nezoqoqosho. Izalathi ezingundoqo zolwaphulo-mthetho njengoko kuchaziwe kuxwebhu lweenkcukacha-manani zowama-2019/20 zeNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika (i-SAPS), iphakamise inkxalabo malunga nokuya kufikelela kanye nokukhula kolwaphulo-mthetho olunobundlobongela kwiphondo. Ngeli xesha, uninzi lolwaphulo-mthetho oluxeliweyo eNtshona Kapa lumalunga nolwaphulo-mthetho olunxulumeneyo okanye ulwaphulo-mthetho olujoliswe emntwini. Ngowama-2019/20 lilonke inani lezehlo ezixeliweyo bezili-113 508. Ngaphezu kwesinye kwisithathu (38 992) solu lwaphulo-mthetho ibiluhlaselo oluqhelekileyo kwaye ngaphezulu kwama-40 eepesenti inxulumene nokubetha ngenjongo yokwenzakalisa umzimba (i-GBH) kunye nokukhuthaza ngeemeko ezimaxongo.

Nangona ulwaphulo-mthetho olunobundlobongela kwiphondo lwehlile kakhulu ngexesha lokuvalwa komsebenzi, lo mkhwa awukhange uqhubeleke xa izithintelo zisusiwe. Njengoko imeko yentlalo-ntle yezoqoqosho kwiindawo ezininzi idala umngcipheko wolwaphulo-mthetho olwandisiweyo, kuya kubakho ugxininiso oluqhubekayo ekomelezeni uthintelo kunye nokubuyisela ukubuyisela/ukunakekelwa emva kweenkqubo ngokungenelela okusekelwe kubungqina okwakha ulwazi, ukuphuhlisa izakhono kunye nokukhuthaza imilinganiselo eyamkelekileyo ukuphelisa umkhuba wolwaphulo-mthetho nobundlobongela ukuze kudaleke uzinzo loluntu kwiindawo ezisemngciphekweni omkhulu.

Ngokwamatyala anxulumene nobundlobongela obusekelwe kwisini, umyinge we-6.4 weepesenti (7 303) wolu lwaphulo-mthetho lonxibelelwano lwachazwa njengezenzo zolwaphulo-mthetho ngokwesondo ngowama-2019/2020. Uphononongo lovavanyo olwenziwa kuMaziko oKhathalelo eThuthuzela kwiphondo, luqaqambisa ukubaluleka kokujongana nempembelelo yexesha elide yasengqondweni yokuxhatshazwa ngokwesondo kubantu abadala nasebantwaneni¹². Ukuphunyezwa kwesiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweNkonzo kundulula ukuba oonontlalontle abasanda kuqeshwa kwi-DSD GBV bancedise ngobonelelo lwenkxaso yonyango kumaxhoba olwaphulo-mthetho ngokwesondo. ISebe liza kuqinisekisa ukuba iinkonzo zalo ezilingwayo ezisemthethweni zolulekwa ngakumbi ngokomeleza izakhiwo neenkqubo esele zikho ngoqeqesho nokuxhotyiswa ngezakhono ukuqinisekisa ngokumanyaniswa ngokutsha kwabantwana, ulutsha, abantu abadala namaxhoba olwaphulo-mthetho, babuyele kwindawo ekhuselekileyo nenika inkxaso. Ngaphaya koko, iya kuqhubeka ukomeleza umanyano kunye neenkono zokhathalelo lwasemva kobuyiselo, ngokubonelela ngophuhliso lwezakhono, iingcebiso ngokwengqondo, unyango lweqela kunye neenkqubo kunye neenkono zokufikelela kwiintsapho, ngokuthobela iSebe likaZwelonke loPhuhliso loLuntu (i-NDSD) iQhinga lokuHlanganyela kunye nesiCwangciso saseMva kobuyiselo, lize liqhubeke nentsebenziswano yayo neGunya loTshutshiso likaZwelonke (i-NPA) ekuqhubeni uphononongo lwanyanga zonke lwabantwana abavalelwe ixesha elide kwii-CYCC ukukhawulezisa ukuhanjiswa kwabantwana ngenkqubo yobulungisa kulwaphulo-mthetho.

Ukwanda okumandla kumaxhoba e-GVB afumana iinkonzo zenkxaso yengqondo nentlalo kuye kwaphawulwa ngexesha lokuvalwa kwe-KHOVIDI-19 xa kuthelekiswa nonyaka-mali odlulileyo. Iingxelo zokwanda kobundlobongela obusekelwe kwisini, ngakumbi ubundlobongela basekhaya ngexesha lokumiswa ngxi kweentsukumo, ziqaqambisa ubuthathaka babasetyhini kumakhaya


¹² ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Kapa (2018). UVavanyo lweNkonzo zeNkxaso yeNgqondo neNtlalo, oluxhaswa ngemali liSebe loPhuhliso loLuntu, kumaxhoba olwaphulo-mthetho ngokwesondo kuMaziko aKhethekileyo eThuthuzela eNtshona Kapa. Inxelo yangaphakathi ihlanganiswe nguPetro Brink kunye noFaheemah Esau.

ajongene nobunzima bezentlalo noqoqosho. Enye inkxalabo yimiceli-mngeni efunyanwa ngabasetyhini ekuchazeni ubugwenxa okanye ekufumaneni uncedo loluntu ngenxa yentshukumo kunye nezithintelo ezinxulumeneyo. Ukusabela kwezi meko zimbi, iZiko le-GBV Command likaZwelonke lisebenza iiyure ezingama-24/intsuku ezisixhenxe ngeveki, libonelela ngeenkono zenkxaso ngokwasengqondweni kumaxhoba obundlobongela, ngaphezu koko iSebe liququzelele ukuthunyelwa koonontlalontle bee-NPO kwiindawo ezichongwe njengezikhululo zamapolisa ze-SAPS ezinezinga eliphezulu lezehlo ze-GBV kwiphondo.


ISebe liza kuqhubeka nenkxaso-mali yalo kumaziko okhuseleko labasetyhini abaxhatshaziweyo kunye nabantwana babo, amaxhoba orhwebo ngabantu kunye namaxhoba obundlobongela obuphathelele kwezesondo kunye nokugxila okwandisiweyo kwi-GBV. Ukuqeshwa koonontlalontle abangama-30 be-GBV kuya komeleza impendulo yoMmandla ukujongana ne-GBV. ISebe likaZwelonke lezoThutho neMisebenzi yoLuntu likunye nehlakani lalo lephondo kunye neSebe liqinisekise ukongezwa kweendawo zokuhlala zokhuseleko ze-GBV ezintandathu kwiPhondo leNtshona Kapa ezibekwe eBergrivier, eSwartland, eHessequa kunye naseMbindini weKaroo. Ezi ndawo zokuhlala zokhuseleko ziza kuxhaswa ngakumbi kwaye zomeleze iinkqubo zokuxhotyiswa kwamaxhoba kwimimandla yasemaphandleni yeli phondo.

Uqeqesho lothintelo lwe-GBV ludityanise neenkqubo zokufundisa noqeqesho lwabazali kunye neenkqubo zothintelo losetyenziso gwenxa lweziyobisi, unyango kunye neenkqubo zokuvuselelo eziqhutywa kuzo zonke ii-CYCC ze-DSD, ngokunjalo neeseshoni zoqeqesho ezithe zabanjwa ne-arhente eziphambili zonikezelo lwenkonzo kunye nabachaphazelekayo. Ungenelelo loqeqesho lwe-intanethi luquka ukwandisa ulwazi nokomeleza ukunikezelwa kwenkonzo kumaxhoba obundlobongela obusekelwe kwisini, kubandakanywa abantu be-LGBTQIAP+ kunye nokuphucula ukusebenza kakuhle kweenkonzo kumaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela. Ngaphaya koko, iSebe liza kuqhubeka nophuhliso lwendlela yokudluliselwa ukuze kuqinisekise ukuba amaxhoba e-GBV kwiinkonzo zokhuseleko ayakwazi ukufikelela kwiinkqubo zokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kwiZiko loNyango lweZiyobisi lase Kensington labasetyhini.

Isazobe sesi-2: Iindawo zohanjiso lweenkonzo zeDSD ne-GBVeNtshona Kapa.



Isazobe sesi-3: Iindawo zonikezelo lweenkonzo ze-DSD kunye nemibutho yenkonzo ye-GBV kwiSixeko seKapa.



4.2 UHlalutyo lweMeko yangaPhakathi

I-NDP ikhethe imfuneko yenkonzo karhulumente esebenza ngempumelelo, esebenzayo nesekelwe kuphuhliso. Imiba ephambili yokufezekiswa kwalo mbono luphuculo olungabizi kakhulu kubume beSebe, amanyathelo angqongqo okuthintela iindleko kunye neenkqubo zolawulo ezisebenzayo, iinkqubo zoshishino kunye nezicwangciso eziliqili zokuphucula unikezelo lweenkonzo.

ISebe liqalise iinkqubo ezininzi zophuhliso lombutho ukuphucula ukusebenza kakuhle kobume besebe kuquka:

- Ukwahlulwa kweCandelo loMlawuli oyiNtloko: weNtlalontle yoLuntu ukuze kuphuculwe unikezelo lweenkonzo kunye nobuchule obukhethekileyo kwiinkalo eziphambili zeSebe, ezizezi abantwana kunye ne-GBV, ngokudalwa koMlawuli oyiNtloko: weNtlalontle yoLuntu kunye neNkonzo zoBuyiselo kunye neCandelo loMlawuli oyiNtloko: Abantwana, iiNtsapho, kunye ne-ECD. Umlawuli oyiNtloko: weNtlalontle yoLuntu kunye neNkonzo zoBuyiselo uye waqeshwa kwaye omabini amacandelo aziintloko ayasebenza.
- Ukubekwa kwindawo enye kwemisebenzi yokuthengwa kweempahla neenkonzo zoLawulo lweNtengo (i-SCM) kwaNdlunkulu, ngokukodwa iimfuno zabasebenzi ukulungiselela ukubekwa ndawonye komsebenzi.
- Ukulungelelaniswa kwezakhiwo zengingqi kunye nemimiselo kunye nemigangatho yoonontlalontle kunye nabasebenzi benkxaso yolawulo abafunekayo ukuba bathobele imimiselo nemigangatho yethisisi.
- Ukuqalisa ngovavanyo lophuhliso lwesebe lwe-ECD kunye neCandelo loLawulo loKhathalelo oluNgaphelanga ukuxhasa imfuduko ye-ECD isuka kwi-DSD isiwe kwi-WCED.

Ukongeza, uMlawuli oyiNtloko: uLawulo lokuHanjiswa kweNkonzo kunye noLungelelaniso kulindeleke ukuba lizaliswe kunyaka-mali wama-2021/22. Ngaphezulu, ekuqinisekiseni utshintsho olungenazingxaki olunokuphazamiseka okungephi kwicandelo nakwiziphumo zokufunda, iQela eliSebenzayo loLawulo lweeProjekthi ze-ECD, elinabameli abavela kumacandelo ngamacandelo e-DotP, iDSD ne-WCED, elikhokela imfuduko ye-ECD ephondweni.

Kunyaka ozayo, iSebe liza kuphuhlisa iindlela zokuthunyelwa kwamaxhoba kwi-GBV agcinwe kumaziko alo okuxhobisa amaxhoba ee-NPO (iindawo zokuhlala zokhuseleko) afumana inkxaso-mali ukuze afikelele lula kwiinkonzo ezikhethekileyo zonyango kunye neenkonzo zobuyiselo. Iza kuthi kwakhona ilandele uqeqesho lothintelo lwe-GBV kuzo zonke ii-CYCC zayo ngokwenjenjalo yandisa iinkqubo ezikhethekileyo neenjongo ezininzi esele zikhona.

Ukusebenza kakuhle konikezelo lweenkonzo zeSebe kunye neenkqubo zolawulo kungqinwa yinto yokuba liphumeze uphicotho-zincwadi olungenaziphene olulandelelanayo kwiminyaka-mali esibhozo egqibele ngowama-2019/20. Ukongeza, izinga lezithuba ezikhoyo liye lancitshiswa laya kutsho kwisithathu ekhulwini ekupheleni kweyoKwindla wama-2020, ngokusekelwe kwizithuba ezixhaswa ngemali, ezigcwalisiweyo, kwaye ngaphandle kwabo basaqeqeshelwa umsebenzi. Ngaphandle kokunikezelwa kwamaziko amabini ononophelo akhuselekileyo, izinga lezithuba zengqesho lihleli lingaphantsi kwesiqhelo kwiSebe leeNkonzo zoLuntu noLawulo leepesenti ezili-10 kunye neQonga labaLawuli Jikelele baseMzantsi Afrika kumyinge wesihlanu weepesenti.

Ukucuthwa kohlahlo lwabiwo-mali oluphunyeziweyo kurhulumente wonke kuya kuba nefuthe elibonakalayo ekudalweni kwezithuba ukuya phambili, nto leyo eya kuthi ichaphazele amandla eSebe okunikezela ngeenkonzo. Ukuthomalalisa ifuthe lonikezelo lweenkonzo, iSebe lichonge izithuba eziphambili kwaye laqinisekisa izibonelelo zohlahlo lwabiwo-mali olwaneleyo ukuze ligcwalise ezi zithuba.

Ubuchwephetshe budlala indima ekhulayo ekusebenzeni ngokufanelekileyo kwemibutho. ISebe lizamile ukuhlala lisazi ngophuhliso lobuchwepheshe kwaye liphumeze iinkqubo zokuphucula ukufumaneka kolwazi lolawulo njengoko uhlahlo lwabiwo mali lwalo luvuma. Nangona uphuhliso lweNkqubo yoLawulo lwee-NPO lugqityiwe, alukaphunyezwa ngokupheleleyo njengoko uvavanyo lwenkqubo lufumanise imiba yenkqubo yoshishino ekufuneka isonjululwe. ISebe liza kuqhubeka nelithi kwixesha elizayo liqhube uqeqesho lweNkqubo yoLawulo lwee-NPO kunye nesicwangciso somiliso kwaye, phantsi kwemiqobo yohlahlo lwabiwo-mali, liqalise uphuculo ukwandisa ukusebenza ngempumelelo. Isimemezo seSebe sowama-2020/21 senkxaso-mali yee-NPO asizange

sibe namaphepha ngokuqukwa kwemodyuli yesicelo se-intanethi eyenza ukuba ii-NPO zibonelele ngezicelo ze-intanethi ngendlela enempumelelo ngakumbi.

ISebe liyaqhubeka nokukhokela ukusetyenziswa kwenkqubo yoLawulo lokuQulathiyeyo lweKhompyutha (i-ECM) ukuqinisekisa ukuba iirekhodi zalo zifumaneka lula kubasebenzi. Ngenxa yokuqalisa kwe-KHOVIDI-19 iSebe liza kuqhubeka nokuvavanya imilinganiselo yalo yobungqongqo kwimekobume yobuchwephetshe, ngokukodwa, ixesha lokuhlaziya izixhobo zekhompyutha njengoko kuchaziwe kumgaqo-nkqubo walo woLwazi nobuChwepheshe (i-IT). Ngoku oku kuthintele ukutshintshwa kwesiqhelo kwezixhobo ezifana needeskithophu kunye neelaptops ukusuka kwiminyaka emithathu ukuya kwemithandathu. ISebe lisebenzise ngempumelelo i-e-Mobility njengendlela yokunika oonontlalontle kunye nabanye abasebenzi abaphambili besebe idatha kunye noqhagamshelwano ukuze benze imisebenzi yabo ngamaxesha ahlukeneyo okumiswa ngxi kweentshukumo ngenxa ye-KHOVIDI-19. Isivumelwano sangoku sakwaVodacom siye sahlaziywa ngokuhambelana neKhontraktha eXananazileyo kaNondyebo kaZwelonke i-RT15. I-DSD kaZwelonke ikhupha iinkqubo ezifana neNkqubo yoLawulo lwaMatyala okuLingwa (i-PCM) enomsebenzi wokwazisa ngenqaku lokugqibela eliya kufuna uqhagamshelo kunye neenkukacha kwaye i-e-Mobility yeSebe iza kusetyenziselwa le nkqubo nayo, ngakumbi kumsebenzi owenziweyo xa emva koko. -umsebenzi weeyure. Ukukhusela idatha yesebe, Uguqulelo oluntsonkothileyo lweBitlocker eza kufakwa kuzo zonke iikhompyutha zomntu ngamnye(ii-PC), ngakumbi iilaptops. Oku kuza kwenza ukuba izixhobo zingaxabiseki kangako kumasela. Iprojekthi yeBitlocker iya kuqaliswa kwinxenye yokugqibela yowama-2020/21 kwaye igqitywe kunyaka-mali wama-2021/22. Ukuze kuqinisekiswe ngempumelelo yale projekthi, iSebe likwaqalise inkqubo yokuqinisekisa ukuba zonke ii-PC ziphuculwa zibe kuWindows 10 nge-Ofisi 365 – into efunekayo kufakelo lweBitlocker. Apho ii-PC zingahambelani naye iWindows 10, ziya kutshintshwa ngeemodeli ezifunekayo. Okokugqibela, iSebe liyaqhubeka nokubonelela ngofikelelo kuqeqesho lobuchwephetshe bonxibelelwano (i-ICT) kunye nokuxhotyiswa ngezakhono kubasebenzi, kuqukwa nokubonelela ngoqeqesho lwesoftware ye-intanethi.

4.3 IiMvavanyo zoPhando eziQhutywe liSebe

ISebe liyakuqonda ukubaluleka kokwenza uphando ukuze kuqinisekwe kwaye kuphuculwe unikezelo lweenkonzo. Rhoqo ngonyaka, kuqulunqwa isiCwangciso soPhando noVavanyo esichonga sichaze umda kunye neenjongo zovavanyo lophando oluya kwenziwa kunyaka othile. Olu vavanyo lwenziwa ngokuhambelana nezikhokelo zeSebe loCwangciso, ukuJonga noVavanyo (i-DPME) kuphando lovavanyo kunye ne-SOP yeSebe yoPhando loVavanyo.

Izibonelelo ezingqongopheleyo ziyafumaneka ukuze kuqhutywe uphando lovavanyo eSebeni kwaye uninzi lomsebenzi wenziwa ngaphakathi yiYunithi yoPhando yeSebe. **Uphunyezo loVavanyo lweNkqubo zoNyango loSetyenziso Gwenxa kweZiyobisi oluSekelwe kuLuntu olufumana inkxaso kwiDSD** lubonelele ngethuba lokuthatha isitokhwe kunye nokuzuzisa ukuqonda okwandisiweyo malunga nendlela imodeli ye-DSD yonyango olusekelwe eluntwini eyaphunyezwa ngayo zii-NPO zayo ezili-12 ezifumana inkxaso-mali kule minyaka-mali mithathu idlulileyo. Oku kuquka indlela elungelelaniswa ngayo kuyilo lulonke njengoko kucetyiwe, ukuthotyelwa kwemilinganiselo nemigangatho emincinane, ubungakanani beziphumo ekuye kwafikelelwa kuzo, yeyiphi imingeni engundoqo ekuxhaphake ukujongwana nayo, kwaye zeziphi iindlela ezilungileyo/ezingcono ezinokulandelwa ukoyisa oku. Olu vavanyo lugqitywe ngexesha lokumiswa ngxi kweentshukumo phantsi kweemeko ezinomceli mngeni kwaye lukhokelele ekutshintshweni kweendlela zokuqokelelwa kwedatha kwi-intanethi ezibonelela ngedatha eyaneleyo ukuze kugqitywe uvavanyo. Ukufezeka kweendlela zokuqokelela idatha kwi-intanethi kuya kuqwalaselwa kwiiprojekthi zophando zovavanyo lwexesha elizayo ngokujonga ifuthe eliqhubekayo le-KHOVIDI-19. Inkqubo yokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi ngoku iphonononga iziphumo kwaye iza kuphuhlisa isicwangciso sokuphucula iinkonzo zonyango ezisekelwe kuluntu kulo nyaka uzayo.

UVavanyo lweNkonzo yoKhuseleko lwaBantwana eMva kweeyure zomsebenzi eNtshona Kapa lujolise ekuhloleni ukuba le nkonzo iphunyezwe njani na ngokokusebenza kwayo nokuba ingaphuculwa njani na. Ukuqokelelwa kwedatha yeprojekthi kwagqitywa ngowama-2019/20. Inxelo yovavanyo yaqunjelwa ngowama-2020/21. Impendulo yolawulo kwiingcebiso ezivela kuphononongo iceliwe kwinkqubo efanelekileyo kwaye iya kusetyenziswa ekuphuculeni unikezelo lweenkonzo kulo mmandla.

Impendulo yolawulo kunye nesicwangciso somiliselo ngokubhekiselele ku**Vavanyo lweeNkonzo zeNgqondo neNtlalo ezixhaswa ngemali liSebe loPhuhliso loLuntu kumaxhoba olwaphulo-mthetho ngokweSondo kumaZiko aKhethekileyo oKhathalelo iThuthuzela (i-TCC) kwiNtshona Kapa** yaququnjelwa. Ingxelo emva koko yasasazwa kumaqela achaphazelekayo kumfuziselo weZiko loKhathalelo iThuthuzela kunye nakwiQonga lokuXhobisa amaXhoba. Njengoko kubonisiwe kwisicwangciso sophunyezo, izindululo eziphambili zovavanyo ziza kuphunyezwa ngokuqhubekayo. Oku kuza kuvumela ukomelezwa kunye nokuphuculwa kweenkonzo kumaxhoba angabantwana kunye nabantu abadala olwaphulo-mthetho ngokwesondo.

UVavanyo lweeNdawo zokuHlala zoKhuseleko zaBantu abaDala abangenamakhaya lujolise ekuhloleni umanyano kunye neenkonzo zokumanyanisa ezinikezelwa kubantu abadala abangenamakhaya kwiindawo zokuhlala eNtshona Kapa. Ingxelo yokugqibela yamkelwa ngowama-2019/20 emva koko kwacelwa impendulo yolawulo.

Abasebenzi benkonzo yentlalo-ntle ye-DSD (ingakumbi oonontlalontle kunye namagosa ovavanyo) eNtshona Kapa bebephumeza indima yabo yobungcali njengabasebenzi abaphambili ngexesha lobhubhane we-KHOVIDI-19. **UVavanyo lwendlela iiNgcali zeNkonzo ye-DSD eziye zahlangabezana ngayo nobhubhane weKHOVIDI-19** luyaqhubeka ngoku kwaye kulindeleke ukuba lugqitywe kweyoKwindla wama-2021. Injongo yolu phando kukuphonononga uhlehlengiso kunye notshintsho kumsebenzi wentlalontle ye-DSD kunye negosa lovavanyo ngexesha lobhubhane weKHOVIDI -19 kwimeko yeNtshona Kapa. Ugxininiso luza kuba kuphononongo nokuqonda ukuba olu hlehlengiso lunokulinceda njani iSebe ekuqulunqeni izikhokelo ezifanelekileyo; ukuphucula nokomeleza impendulo yayo kwifuthe le-KHOVIDI-19 kwiinkonzo zayo; kunye nokuphucula ucwangciso lonikezelo lweenkonzo kwimeko yobhubhane.

Okokugqibela, **uVavanyo lweeNkqubo zokuKhulisa**, olubandakanya ukukhulisa abantwana kwi-DSD, ugcino lweentsapho kunye nokungenelela komanyano, luphantsi kophuhliso. Inqaku lengqiqo kolu vavanyo lisaza kuququnjelwa kwaye uphando luza kufakwa kwikota yokugqibela yowama-2020/21 kunye neenyanga ezintandathu zokuqala zonyaka-mali wama-2021/22.

ICandelo C: UMLinganiselo Wethu wokuSebenza

5. IiNkcukacha zeNkqubo yokuSebenza kweSebe

5.1 Inkqubo yoku-1: Ulawulo

Injongo yeNkqubo

Le nkqubo iquka ulawulo olucwangcisiweyo kunye neenkonzozo zenkxaso kuwo onke amanqanaba eSebe oko kukuthi iPhondo, iNgingqi, iSithili kunye nenqanaba leNdawo/leSebe.

Qaphela: iZiko leNkonzo yeNtsebenziswano (i-CSC), linikelwe kwiSebe leNkulumbuso (iDotP), libonelela ngeenkonzozo zenkxaso kuLawulo lwabaSebenzi kwiSebe.

Inkqubo iquka ezi nkqutyana zilandelayo:

Inkqutyana 1.1: I-ofisi ka-MEC

Injongo yenkqutyana

Kukubonelela ngonxibelelwano lwezopolitiko kunye nomthetho phakathi kukarhulumente, uluntu kunye nabo bonke abanye abachaphazelekayo abafanelekileyo.

Inkqutyana 1.2: IiNkonzo zoLawulo lweNtsebenziswano

Injongo yenkqutyana

Ibonelela ngesalathiso socwangciso kunye nokuphatha kukonke kunye nolawulo lweSebe.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nekujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha leMTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Ulawulo lomanyano oluphuculiweyo kunye nohanjiso lwenkonzo.	Uxhotyiso lwezakhono loonontlalo-ntle kunye nomsebenzi onxulumene noko.	1.2.1.1 Inani longenelelo loqeqesho loonontlalo-ntle kunye nomsebenzi wobunontlalo-ntle onxulumene noko.	25	25	29	29	29	29	29
		1.2.1.2 Inani leebhasari ekunikezelwe ngazo.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	109	109	109	109
	Oonontlalo-ntle abaqeshwe yi-DSD.	1.2.1.3 Inani loonontlalo-ntle abaqeshwe yi-DSD ngexesha lonyaka-mali ¹³ .	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	834	876	916	920
	Ubonelelo lokuhanjiswa kwenkonzo yophuhliso olusebenzayo nolunempumelelo.	1.2.1.4 Ipesenti yenkcitho ngokunxulumene nohlahlo lwabiwo-mali eyabelwe i-DSD.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	2% Yonxaxho	2% Yonxaxho	2% Yonxaxho	2% Yonxaxho
	Ukukhuthaza nokukhulisa uthatho nxaxheba lweSMME kwintengiso karhulumente.	1.2.1.5 Ipesenti zoluhlu lwezinto ezithengwe zahlawulwa kubahlinzeki ngeenkonzozo zeDSD kwintsuku ezingama-30.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	100%	100%	100%	100%

¹³ Esi salathisi sayanyaniswa nesalathisi seMTSF "Inani leengcali zenkonzo yentlalo kwinkonzo yoluntu".

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiphumo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Uphuculo lolawulo lweziko kunye nonikezelo lwenkonzo.	Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso ecwangcisiweyo ukuze kukhuthazwe ulawulo olululo nokunikezelwa kweenkonzo ezisemgangathweni.	1.2.1.6 Uluvo lomphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (i-AGSA) kuphicotho zincwadi lweengxelo zemali nokwenza ingxelo kuncedo nasekuthembekeni kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo.	AYINGENI	AYINGENI	Uphicotho oluCocekileyo	Uphicotho oluCocekileyo	Uphicotho oluCocekileyo	Uphicotho oluCocekileyo	Uphicotho oluCocekileyo

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.2.1.1 Inani longenelelo loqeqesho lobunontlalo-ntle kunye nemisebenzi enxulumene noko.	29	-	-	-	29
1.2.1.2 Inani leebhasari ekunikezelwe ngazo.	109	-	-	-	109
1.2.1.3 Inani loonontlalo-ntle abaqeshwe yi-DSD ngexesha lonyaka-mali.	876	-	-	-	876
1.2.1.4 Ipesenti yenkcitho ngokunxulumene nohlalo lwabiwo-mali eyabelwe i-DSD.	2% yonxaxho	-	-	-	2% yonxaxho
1.2.1.5 Ipesenti zoluhlu lwezinto ezithengwe zahlawulwa kubahlinzeki ngeenkonzo zeDSD kwiintsuku ezingama-30.	100%	-	-	-	100%
1.2.1.6 Uluvo lomphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika (i-AGSA) kuphicotho zincwadi lweengxelo zemali nokwenza ingxelo kuncedo nasekuthembekeni kweenkcukacha zokusebenza ezixeliweyo.	Uphicotho olucocekileyo	-	-	-	Uphicotho olucocekileyo

INkqutyana 1.3: Ulawulo lweSithili¹⁴

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngokunatyiswa, ulawulo nolawulo lweenkonzo kumgangatho weSithili kwiSebe.

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Okuphambili koku-1 kweMTSF yama-2019-2024 kuphakamisa isidingo sokwabiwa koxanduva, uxanduva lokuphendula ngokusebenza kunye nesidingo solawulo lokulandelelana. Oku kungqinwa kwi-VIP yesi-5 ye-WCG VIP: "Ubuchule neNkcubeko" ngongenelelo oluphambili, "Uphuculo olusebenzayo kunye nolunempumelelo yokusebenza kombutho". Ukuqinisekisa ukuba ulawulo olumanyeneyo kunye nohanjiso lwenkonzo luphuculwe, inkqubo efanelekileyo yezincomo zabasebenzi kwakunye neenkqubo zokuhlengahlengiswa kombutho kufuneka zibe sendleleni yokuphucula ukusebenza nokufezekisa kwabasebenzi.

Izicwangciso nohlalo lwabiwo-mali lweSebe ziza kuqhubeka ukwalathiswa kwakhona kwiimfuno zoluntu elibasebenzelayo, kwakunye nokuphambili kwiphondo nakuzwelonke. Ngexesha leSakhelo seNkcitho yesiQingatha soNyaka (i-MTEF) izigqibo zayo ezicwangcisiweyo ziza kukhokelwa yile mithetho-siseko ilandelayo:

- Ulungelelwaniso lwemiba ephambili yomgaqo-nkqubo kunye nesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Kapa esixhaswa yi-PSP kunye nesiCwangciso soBuchule se-DSD (i-SP).
- Ukugcina unikezelo lweenkonzo ezisemthethweni ngokwemigaqo yemithetho ephambili yeSebe kunye nemisebenzi efunekayo efana nokwenziwa kongenelelo oluyalelwe yinkundla. Ukuphucula ifuthe kunye nolungelelwaniso kuzo zonke iindawo zonikezelo lwenkonzo kunye namanqanaba karhulumente ukuze kuphunyezwe ifuthe elikhulu kunye nokusebenza kakuhle.
- Ukuzalisa izithuba zemisebenzi ephambili yohanjiso lweenkonzo.

¹⁴ Isihloko soLawulo lweSithili simiselwe ngokobume boHlalo lwabiwo-mali lukaZwelonke. Nangona kunjalo, i-DSD yaseNtshona Kapa esebenza ngokwee-ofisi zengingqi.

Ngokwesicwangciso, iSebe liza kujolisa ngoko ekuqinisekiseni ukuba:

- Uyilo ngokutsha lombutho ukuze kuphuculwe impumelelo kunye nemicimbi yabasebenzi.
- Ukuphuculwa okuqhubayo komlinganiso woonontlalo-ntle kubemi abasi-1:4 500 (imilinganiselo kazwelonke yomyinge we-1:5 000 kwiidolophu kunye nama-2 500 kwiindawo ezisemaphandleni).
- Uphuculo oluqhubela phambili kumyinge wabasebenzi bokhathalelo lwabantwana nolutsha kwii-CYCC zokhathalelo olukhuselekileyo ezifunekayo ngenxa yokufunyanwa komsebenzi ngaphakathi
- Iziseko ezingundoqo: ukwandiswa kwee-ofisi zasekuhlaleni kunye nolondolozo -kuxhomekeke kubukho beziza ezifanelekileyo kunye nenkxaso-mali ngako oko.
- Ukuhlaziywa kwe-ICT: ukutshintshwa kwezixhobo (hlaziya) kwandiselwe kwiminyaka emithandathu ngaphandle kokuba kukho umonakalo ongalungisekiyo wezixhobo.
- Ukugqitywa koqeqesho lwabasebenzi kusetyenziso lwenkqubo yolawulo lwee-NPO kunye nokuphunyezwa kwayo ukuqinisekisa ukusebenza kakuhle kunye nokuveliswa kweenkcukacha ngexesha lolawulo kwii-NPO.
- Ukuphunyezwa ngezigaba kodluliselo lomsebenzi we-ECD kwi-WCED.

5.1.1 Ukuqwalaselwa kwezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kwama-R978 000 ukusuka kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwama-R234.361 ezigidi ngowama-2020/21 ukuya kuma-R235.339 ezigidi ngowama-2021/22 kuqikelelwa ukuba imisebenzi iza kuhlala injalo kwiinyanga ezintandathu zokuqala zonyaka-mali ngenxa yefuthe le-KHOVIDI-19. Emva koko uhlahlo lwabiwo-mali luza kunyuka ukuya kutsho kuma-R236.427 ezigidi ngowama-2022/23 kunye nama-R242.187 ezigidi ngowama-2023/24.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – Inkqubo yoku-1: Ulawulo

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiso oluyintloko	Ulwabiwo olulungelelanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesiqingatha sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Okuphic othiweyo 2017/18	Okuphic othiweyo 2018/19	Okuphic othiweyo 2019/20				2020/21	2022/23	2023/24	
1.1 I-ofisi ka- MEC	6 868	7 564	6 148	8 976	7 498	7 498	8 265	8 474	8 621	10.23
1.2 IiNkonzo zoLawulo lweNtsebenziswano	127 165	142 943	145 440	166 786	149 018	149 018	145 318	143 972	147 447	(2.48)
1.3 Ulawulo lweSithili	65 752	73 189	80 424	83 738	77 845	77 845	81 756	83 981	86 119	5.02
Zizonke iintlawulo neengqikelelo	199 785	223 696	232 012	259 500	234 361	234 361	235 339	236 427	242 187	0.42

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – Inkqubo yoku-1: Ulawulo

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungelelanisiweyo	Uqikelelo oluhlaziyiweyo	Uqikelelo lwesiqingatha sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiweyo
	Oluphic othiweyo 2017/18	Oluphic othiweyo 2018/19	Oluphic othiweyo 2019/20				2020/21	2020/21	2020/21	
Iintlawulo zangoku	186 298	209 572	212 487	239 630	215 215	215 215	217 536	223 120	228 389	1.08
Imbuyekazo yabasebenzi	154 285	172 097	173 315	197 865	177 003	177 003	178 889	182 087	185 377	1.07
Iimpahla neenkonzo	32 013	37 475	39 172	41 765	38 212	38 212	38 647	41 033	43 012	1.14
Udluliselo nezibonelelo ku/kwi	416	3 212	3 202	2 670	5 988	5 988	5 067	5 191	5 321	(15.38)
Arhente nee-akhawunti zeSebe	12	2 323	2 549	2 670	2 824	2 824	2 800	2 924	3 054	(0.85)
Amaziko angenzi nzuzo	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Makhaya	404	889	653	-	3 164	3 164	2 267	2 267	2 267	(28.35)

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili 2020/21	Ulwabiwo olulungelelanisi- weyo 2020/21	Uqikelelo oluhlaziyiwe eyo 2020/21	Uqikelelo lwesiqingatha sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyiwe yo 2020/21
	Oluphicot hiweyo 2017/18	Oluphicot hiweyo 2018/19	Oluphicot hiweyo 2019/20				2021/22	2022/23	2023/24	
Intlawulo zee-asethi ezinkulu	11 971	10 303	15 817	17 200	12 758	12 758	12 736	8 116	8 477	(0.17)
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezisisigxina	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	11 956	10 303	15 817	17 180	12 738	12 738	12 715	8 094	8 454	(0.18)
Isoftware kunye nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	15	-	-	20	20	20	21	22	23	5.00
Intlawulo zee-asethi zemali	1 100	609	506	-	400	400	-	-	-	(100.00)
Zizonke iindidi zoqoqosho	199 785	223 696	232 012	259 500	234 361	234 361	235 339	236 427	242 187	0.42

5.1.2 ImiNgcipheko ePhambili noNcithshiso

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
Ulawulo lomanyano oluphuculiweyo kunye nohanjiso lwenkonzo.	<p>Ukungathotyelwa kweemfuneko ezisemthethweni ngexesha lenkqubo yokunikezelwa kwenkxaso-mali kwii-NPO.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Ingxelo engachanekanga kwiingxelo zenkqubela ye-NPO kwimiba enxulumene nobume bemali, ingeniso, inkcitho kunye nokusetyenziswa kwenkxaso-mali.</p> <p>Ii-NPO aziyilandeli imithetho ye-TPA.</p>	<ul style="list-style-type: none"> Uphuculo lwenkathalo efunekayo yee-NPO phambi kokunikezelwa kwenkxaso-mali (ukuqinisekiswa kwamaxwebhu axhasayo). Ukubekwa esweni okuqhubekayo kwee-NPO ngokundwendwela indawo kunye novavanyo lwedeskithophu, uphononongo lwengxelo yezemali nenkqubela-phambili malunga nokungangqinelani, ukugqibelela, nokuthotyelwa kweenjongo zeprojekthi kwaye ngamanye amaxesha kufuna ukuba ii-NPO zibonelele ngamaxwebhu okuxhasa inkcitho. Uhlolo lwemali yokuhlawula amatyala lwenziwa minyaka le.
	<p>Urhwaphilizo - Ubandlululo/Ukukhetha – Ukungadalulwa komdla wezoshishino onxulumene nokufunwa kwabasebenzi kunye nokukhethwa kunye nokukhohlisa le nkqubo ukuze kukhethwe umgqatswa othile.</p>	<ul style="list-style-type: none"> Iindaba ezisasazwa kubasebenzi ngeNdlela yokuziPhatha ukuqinisekisa ukuba abasebenzi banolwazi kwaye bayazinqanda izenzo zorhwaphilizo. Ulawulo lwe-SCM lukhona ukuqinisekisa ukuba amagosa e-SCM athobela imigangatho yokuziphatha ngokwemigaqo ye-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke. Amagosa e-SCM asayina iNdlela yokuziPhatha ngokumalunga noku. Isicwangciso esivunye liSebe leMikhwa eziseSikweni kunye noLawulo lweMfezeko kunye nokuzimasa kwabasebenzi boqeqesho ukubethelela ukuziphatha okusesikweni xa kusetyenzwa ngentengo. Uphononongo lwarhoqo lweenkqubo zokuthenga eziphunyeziweyo kwiikhontrakthi ezinikezelweyo.

Isiphumo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
		<ul style="list-style-type: none"> ● Izibhengezo zezeMali kunye neziBhengezo zoMdlalazi ezigqitywe ngabaqeshwa zaze zavavanywa ligosa lesebe lemigaqo yokuziphatha ukuchonga nakuphi na ukungqubana okunokubakho okanye okucingelwayo komdlalazi ukuze kuphakanyiswe izenzo zolawulo ezinobulungisa nezingenamkhethe zamagosa (ngokukodwa amalungu eeKomiti zoBizo-maxabiso kunye nabasebenzi be-SCM).

5.2 Inkqubo yesi-2: IiNkonzo zeNtlalo-ntle

Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkonzo ezidibeneyo zophuhliso lwentlalo-ntle kumahlwempu nakwabasesichengeni ngentsebenziswano nabachaphazelekayo kunye nemibutho yoluntu.

Inkqutyana 2.1: ULawulo neNkxaso

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo zabasebenzi bolawulo nenkxaso ababonelela ngeenkonzo kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 2.2: Iinkonzo kuBantu aBadala

Injongo yeNkqutyana

Ukuyila nokuphumeza iinkonzo ezihlangeneyo zokhathalelo, inkxaso kunye nokukhuselwa kwaBantu aBadala.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nokujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantu abadala abahluphekayo, abasesichengeni baphila ubomi obudlamkileyo kwindawo ekhuselekileyo, ekhuselweyo nenika inkxaso.	linkonzo zokhathalelo lwamaziko endawo yokuhlala/izibonelelo ziyafumaneka kuBantu aBadala.	2.2.1.1 Inani leebhedl ekubonelelwe ngazo kumaziko eendawo zokhathalelo lwaBantu aBadala.	8 946	8 783	8 819	5 050 ¹⁵	5 000	5 200	5 200
	Ukhathalelo olusekelwe ekuhlaleni kunye neenkonzo zenkxaso ziyafumaneka kuBantu aBadala.	2.2.1.2 Inani lenkxaso-mali ekhutshelwe kukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkonzo zenkxaso kuBantu aBadala.	16 494	17 030	16 221	17 000	16 400	17 000	17 000
	Iindawo zokuhlala ezincediswayo nezizimeleyo ziyafumaneka kuBantu aBadala.	2.2.1.3 Inani leebhedl ezifumana inkxaso kumaziko okuhlala ancediswayo nazimeleyo kuBantu aBadala.	660	897	718	850	740	750	750

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.2.1.1 Inani leebhedl ekubonelelwe ngazo kumaziko eendawo zokhathalelo lwaBantu aBadala.	5 000	5 000	5 000	5 000	5 000
2.2.1.2 Inani lenkxaso-mali ekhutshelwe kukhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkonzo zenkxaso kuBantu aBadala.	16 400	16 400	16 400	16 400	16 400
2.2.1.3 Inani leebhedl ezifumana inkxaso kumaziko okuhlala ancediswayo nazimeleyo kuBantu aBadala.	740	740	740	740	740

¹⁵ Indlela yokubala ihlaziyiwe.

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Ulungelelwano nesiCwangciso sokuPhumeza seminyaka emihlanu se-NDP kubonisa isiphumo "icandelo elihlaziyiweyo lentlalo-ntle kunye neenkonziso" ezixhasa, ezikhuthaza kunye nezikhusela amalungelo amaqela asesichengeni kwaye, zixhaswe nguMthetho waBantu aBadala, esi siphumo siqinisekisa ukuba iSebe liyaluphumeza uxanduva lwalo olusemthethweni ngokuqinisekisa ukuba amaziko kunye neenkqubo ezifumanekayo zaBantu aBadala ziyawuthobela ummiselo kunye nemigangatho efanelekileyo. ISebe lisebenzisana necandelo le-NPO, amanye amasebe karhulumente, amaziko emfundo ephakamileyo kunye nabasemagunyeni bezekhaya ukubonelela ngofikelelo kwiinkonziso ezisemgangathweni kuBantu aBadala abasesichengeni. Ukuphucula isakhelo esisemthethweni sokhuselo lwentlalo, iSebe liphuhlise ii-SOP zokubeka iliso kwiinkonziso zaBantu aBadala kwiindawo zokuhlala kunye namaziko asekelwe eluntwini.

Iinkonziso ezongezelekileyo zibandakanya ukukhuselwa kwamalungelo aBantu aBadala ukuze bakhululeke ekuphathweni gadalala kwabantu abadala kwaye bakhumbule izinto ezahlukeneyo zoqoqosho ezinefuthe elibi kwixabiso lobomi kunye nokuphila kwaBantu aBadala. Inkqubo iza kugcina iinkonziso ezizodwa ezinikezelwa ngamahlakani eeNPO. Ngendlela yayo yophuhliso lokuguga, efuna ukugcina umntu omdala kusapho kunye nakuluntu ixesha elide kangangoko kunokwenzeka, eyona njongo iphambili yenkqubo kukubonelela ngokhathalelo, inkxaso kunye nokhuseleko kwabahluphekileyo, aBantu aBadala abasesichengeni kuluntu lwabo.

La maphulo alandelayo aza kuphuhliswa, aphunyezwe kunye/okanye aqhubeka ngaphaya kwe-MTEF:

- Ukwaziswa kwemodeli yokucebisa ukuncedisa amaziko okuhlala angasebenziyo phantsi koncedo lobumama kwaye ongenawo amandla olawulo olomeleleyo kwaye osemngciphekweni ngokwasemalini;
- Ubhaliso lwamaziko okuhlala okhathalelo lwaBantu aBadala abanobuthathaka;
- Ubhaliso lwamaziko enkonzo;
- Inkxaso eqhubekayo yokhathalelo olulolunye kunye neendlela zenkxaso ezinje ngokuhlala ngokuzimela kunye nokuhlala ngokuncediswa kwaBantu aBadala;
- Ukomelezwa kokhathalelo olusekelwe kuluntu kunye neenkonziso zenkxaso ngokuphuhlisa indlela yokhathalelo olusekelwe kuluntu njengenxalenye yesicwangciso sayo ukugcina nokuxhasa iinkonziso zentlalo ezikhoyo zaBantu aBadala kwiphondo; kunye
- Nenkxaso eyongezelelweyo eza kunikezelwa kumaziko okuhlala aBantu aBadala ngendlela yoThintelo noLawulo lweMigaqo, amanye amanyathelo okuphucula ucoceko kunye nokunciphisa ukusasazeka kwe-KHOVIDI-19 kunye nokubeka iliso kumaziko okuhlala ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemigaqo nemigangatho engqongqo.

INkqutyana 2.3: IiNkonzo kuBantu abaphila noKhubazeko

Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo ezihlangeneyo kunye nokubonelela ngeenkonzo eziququzelela ukukhuthazwa kwentlalo-ntle kunye nokuxhotyiswa kwezentlalo noqoqosho lwabantu abaphila nokhubazeko.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza nokujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantu abaphila noKhubazeko kunye neentsapho zabo kunye/okanye abakhathaleli abahlala ubomi obudlamkileyo kwiindawo ezikhuselekileyo nezinoxhuselo.	Amaziko okuhlala kuBantu abaphila noKhubazeko ayafumaneka.	2.3.1.1 Inani leebhedi zesibonelelo kumaziko okuhlala okhathalelo kwi-NPO ezifumana inkxaso-mali kuBantu abaphila noKhubazeko.	1 694	1 801	1 761	1 674	1 674	1 674	1 674
		2.3.1.2 Inani laBantu abaphila noKhubazeko abanofikelelo kumaziko okuhlala e-DSD.	82	84	110	110	110	110	110
	Iinkonzo kumacweyo okhuseleko afumana inkxaso-mali ziyafumaneka kuBantu abaphila noKhubazeko.	2.3.1.3 Inani lezibonelelo ezidluliselwe kumacweyo okhuseleko abonelela ngeenkonzo kuBantu abaphila noKhubazeko.	2 860	2 952	2 950	2 836	2 836	2 836	2 836
	Iinkqubo zokugcina abantwana ezisekelwe kuluntu ezifumana inkxaso-mali ziyafumaneka kuBantu abaphila noKhubazeko.	2.3.1.4 Inani lezibonelelo ezidluliselwe kumaziko okugcina abantwana asekelwe kuluntu kuBantu abaphila noKhubazeko.	841	958	971	1 005	1 005	1 005	1 005
	Iinkonzo ze-NPO ezifumana inkxaso eyodwa ziyafumaneka kuBantu abaphila noKhubazeko, iintsapho zabo nabakhathaleli.	2.3.1.5 Inani labantu abafikelela kwiinkonzo zenkxaso ekhethekileyo ye-NPO efumana inkxaso kwi-DSD.	88 089	94 087	85 519	91 000	91 000	91 000	91 000

Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi sesiphumo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.3.1.1 Inani leebhedi zezibonelelo kumaziko okuhlala afumana inkxaso-mali yokhathalelo yaBantu abaphila noKhubazeko.	1 674	1 674	1 674	1 674	1 674
2.3.1.2 Inani laBantu abaphila noKhubazeko abafikelelayo kumaziko okuhlala e-DSD.	110	110	110	110	110
2.3.1.3 Inani lezibonelelo ezidluliselwe kwiinkonzo ezibonelela ngamacweyo okhuseleko kuBantu abaphila noKhubazeko.	2 836	2 836	2 836	2 836	2 836
2.3.1.4 Inani lezibonelelo ezidluliselwe kumaziko okugcina abantwana asekelwe kuluntu kuBantu abaphila noKhubazeko.	1 005	1 005	1 005	1 005	1 005
2.3.1.5 Inani labantu abafikelela kwiinkonzo ezizodwa zenkxaso ze-NPO ezifumana inkxaso-mali kwi-DSD.	91 000	27 000	25 000	19 000	20 000

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Ukuzalisekisa isigunyaziso somgaqo-siseko seSebe malunga nokubonelela ngeenkono zophuhliso loluntu kuBantu abaphila nokhubazeko, iSebe linikwe uxanduva lokuqinisekisa ngokuqhubekayo ukubonelela ngeenkono zophuhliso loluntu ezisabelayo zokuphila nokhubazeko ngokuhambelana nomxholo wesiCwangciso soBuyiselo seNtshona Kapa weNtlalontle. Oku kubandakanya ukhathalelo lwendawo yokuhlala, iinkonzo zocweyo ezikhuselayo, iinkqubo zokhathalelo lwasemini, iinkonzo zokhathalelo lwekhefu kunye nokwakha amandla nokuxhobisa abantu abaphila nokhubazeko, iintsapho zabo, abanonopheli kunye nabasebenzi benkonzo yentlalontle.

Ukuncedisana nobonelelo lweenkonzo ezithile zokuphila nokhubazeko iSebe kufuneka liqhubele phambili lizinza njengesiqhelo, ingqikelelo yokubaluleka kokukhubazeka kuzo zonke iinkqubo neenkono zesebe. Ngokwenza njalo, iza kuba negalelo ekudibaniseni nasekubekeni ukhubazeko ngokubanzi kunye nokuxhobisa abantu abakhubazekileyo, iintsapho zabo/abanonopheli kunye noluntu.

Ngale ndlela, iziqhamo eziqwalaselwe apha ngasentla azifaki kwimiyalelo yeCandelo nje kuphela kodwa nakwisiphumo sazo ngokubhekisele kuBantu abaphila noKhubazeko ukuba zilungelelane nokuPhambili kwesi-4 ngowama-2019 ukuya kwi-MTSF yama-2024 "Ukudityaniswa komvuzo wobunoNtlalo-ntle ngokusebenzisa iinkonzo eziseMgangathweni eziSiseko neziThembekileyo" nangakumbi ungenelelo olujongana nokubonelela ngengaqokolela yeenkonzo zentlalo kwiintsapho ezikhathalela abantwana kunye nabantu abadala abaphila nokhubazeko kunye nokufikelela kwabo bonke aBantu abaphila noKhubazeko kwiinkonzo zoncendo ezihlanganisiweyo ezisekelwe kuluntu. Ngokubhekisele kwii-VIP zoku-1 neyesi-3 ze-WCG ezizezi, "uKhuselo noBumbano loLuntu" kunye "noXhotyiso loLuntu", abantwana, ulutsha kunye nabantu abadala abaphila nokhubazeko baphakathi kwamaqela angabona bantu basesichengeni kakhulu kuluntu olunamalungelo abo ekufuneka ekhuselwe, kunye nendawo ezenzelwe ukubenza bakwazi ukuphuhlisa amandla abo ngokupheleleyo. Oku kukwangqanyaniswa nomgaqo-nkqubo we-NDSO wama-2017 weenkono zophuhliso loluntu kuBantu abaphila noKhubazeko oqinisekisa ukuba isidima sabo kunye namalungelo abo agcinwa ngokubonelela ngeenkqubo zentlalo noqoqosho kunye neenkono eziqinisekisa ukubandakanywa kwabo kwakunye nePhepha leNgcaciso lowama-2015 kuMalungelo woMntu ophila noKhubazeko kunye nesiCwangciso soQuquzelelo lokuPhila noKhubazeko seSebe sika-2015.

Inkqubo ichonge le mimandla ilandelayo ekugxilwe kuyo kwi-MTEF nakunyaka-mali omiyo:

- Ukomelezwa kweenkqubo zokhathalelo lwabantwana ezisekelwe kuluntu kunye namacweyo okhuselo lwabantu abadala abaphila nokhubazeko, ubeka emgangathweni inkonzo kunye nokhathalelo olusemngathweni ophucukileyo;
- Ukubhalisa ulingo lwamaziko okhathalelo lweThutyana/Amaziko okuGcina aBantwana abaphila noKhubazeko ukunika ifuthe kwigunya lomthetho weSahluko sesi-5 soMthetho waBantwana nokuqinisekisa ngofikelelo kwiinkonzo zokuxhotyiswa kwamaxhoba ngabantu abangevayo;
- Ukugcina inkxaso kwiMibutho yeNkonzo yokuphila noKhubazeko (ii-DSO) nakwiMibutho yaBantu abaphila noKhubazeko (ii-DPO) ebonelela ngeenkono zophuhliso loluntu kuBantu abaphila noKhubazeko kunye neentsapho zabo kunye/okanye nabakhathaleli;
- Ukubonelela ngesikhokelo nenkxaso kumaziko ononophelo lwasemini kunye neendawo zolongo lweeyure ezingama-24 kubantwana abakhubazekile ngokunzulu nangokunzulu

ngokwasengqondweni ukuze babuyele ekuboneleleni ngenkonzo epheleleyo, emva kobhubhane we-KHOVIDI-19;

- Ukubonelela ngesikhokelo nenxaso kumaziko okuhlala (amaziko okhathalelo lweeyure ezingama-24) kubantu abadala abaphila nokhubazeko nokuqinisekisa ngothotyelo lweyona Migangatho Mincinci kuMaziko okuHlala aBantu abaphila noKhubazeko;
- Amaziko okuhlala okukhathalela abantu abakhubazekileyo aza kuqhubeka exhaswa ngamaphulo okuphucula ucoceko nokunciphisa umngcipheko wosuleleko phakathi kwabahlali nabasebenzi;
- Nokomelezwa kwezakhelo zenxaso yobuzali kubazali babantwana abaphila nokhubazeko, ngentsebenziswano necandelo le-NPO; kunye
- Ubonelelo ngeenkonzo zoluleko nenxaso ngokwasengqondweni kuBantu abakhubazekileyo nakumalungu lwasekuhlaleni.

INkqutyana 2.4: I-HIV ne-AIDS

Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo zokhathalelo ezisekelwe kuluntu ezidibeneyo kunye neenkonzo ezijolise ekunciphiseni ifuthe leNtsholongwane kaGawulayo (HIV) kunye noGawulayo (AIDS).

UGxilo lweNkqubo

Ungenelelo lwe-HIV/AIDS kunye nohlahlo lwabiwo-mali adityaniswe kwinkqubo yoKhathalelo noKhuselo lwaBantwana.

INkqutyana 2.5: uHlangulo loLuntu

Injongo yeNkqutyana

Kukusabela kwizidingo zongxamiseko ezichongiweyo kuluntu oluchatshazelwe ziintlekele ezingabhengezwana, kunye okanye nayo nayiphina enye imeko yentlalo ebangela ubunzima obungafanelekanga.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zokusebenza kunye nokujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zesiQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owanziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Amatyala entlekele engeyomfuneko avavanyiwe aze agqithiselwe kwa-SASSA ukuze kuxhamle uluntu.	2.5.1.1 Inani lamatyala entlekele engeyomfuneko (kumakhaya) avavanyiweyo aze adluliselwa kuSASSA ukunceda ukuhlangulwa koluntu kwinkxwaleko.	1 967	1 732	1 637	1 390	1 242	1 351	1 428
	Amatyala entlekele avavanyiweyo aze adluliselwa kuSASSA ukunceda ukuhlangulwa koluntu kwinkxwaleko.	2.5.1.2 Inani lamatyala entlekele (amakhaya) kuSASSA ukunceda ukuhlangulwa koluntu kwinkxwaleko.	1 505	2 037	1 821	1 555	1 355	1 275	1 285

Izalathisi zeziqhamo: ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
2.5.1.1 Inani lamatyala entlekele engeyomfuneko (kumakhaya) avavanyiweyo aze adluliselwa kuSASSA ukunceda ukuhlangulwa koluntu kwinkxwaleko.	1 242	304	313	323	302
2.5.1.2 Inani lamatyala entlekele (amakhaya) kuSASSA ukunceda ukuhlangulwa koluntu kwinkxwaleko.	1 355	331	342	351	331

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

INtshona Kapa ibonakala ikwinqanaba eliphezulu lomngcipheko weentlekele obangelwa ziingozi ezininzi zezozulu ezinezikhukula, imbalela kunye nemililo ekhokelela kubunzima obukhulu kunye nokubandezeleka kwabantu. Ukongeza, iimeko ezinxunguphalisayo zoluntu ezinje ngeengxabano zentlalo kunye nokugxothwa kwabantu ngobuninzi zixinanisa ubungozi bentlalo kwabona bantu basesichengeni kunye nabangathathi ntweni. Eyona ndawo kujoliswe kuyo kule nkqutyana yoHlangulo loLuntu kukuququzelela ufikelelo kungenelelo oluhlangulo loluntu olupheleleyo ngovavanyo kunye nodluliselo kwiinkonzo ezilawulwa yi-SASSA (uncedo lwethutyana lwezemali/lwezixhobo) ngokuhambelana noMthetho woNcedo loLuntu.

Ulungelelwaniso oluPhambili lwesi-4: "Ukudityaniswa koMvuzo wobunoNtlalo-ntle ngokusebenzisa iinkonzo eziseMgangathweni eziSiseko neziThembekileyo" zeMTSF yowama-2019-2024, uhlangulo loluntu kuncedo lwenkxwaleko ludlala indima enkulu ekwakheni uqilima kulo makhaya/ntsapho ava ubuhlungu bobunzima obungafanelekanga abethwe ziintlekele zemvelo ezahlukeneyo. Kubalulekile ukuba ezi ntsapho zifikelele kwezempilo yengqondo kunye nenkxaso yemali eyimfuneko eza kuthi incedise ekuphuculeni amandla abo okujongana nokukwazi ukumelana nokuqina kweentsapho zabo. Ngale ndlela le nkqutyana ithetha ngokuthe ngqo ngoJoliso lwe-Apex yeSebe

kwiCandelo kunye neyona nto inyanzelekileyo kwiintsapho ezichongwe yiVIP yesi-3: “uXhotyiso lwaBantu” kunye nokukhuthazwa kwamaLungelo oLuntu ngomxholo wesiCwangciso soBuyiselo sase-WC seNtlalo-ntle.

Olunye ungenelelo kwiintsapho ezisichengeni sokuhlupheka yiProjekthi yeSanitary Dignity. Ngale projekthi, amantombazana aselula akwiBanga lesi-4 ukuya kwele-12 abahamba isikolo kwiindawo ezihlwempuzekileyo (ngesona sidingo esikhulu) aza kuba nakho ukufikelela kwiimveliso zococeko aze ke aqinisekise ukuba ukuhamba isikolo akuphazanyiswa.

I-DSD lelona Sebe likhokelayo ngokwesiCwangciso soLawulo lweeNtlekele kwiPhondo ukunciphisa iziphumo ezibi ekuhlaleni ezijongene namakhaya/abantu ngenxa yeentlekele ezichaziweyo/ezingabhengezanga. Kuphuhlise isicwangciso phantsi koncedo loluntu olukhokelwa yi-DSD olujongene nokulungiselela ukuthomalalisa ifuthe elibi lembalela eluntwini, nelisagqubayo kwiindawo ezithile zephondo. Kucingelwa ukuba ilahleko yemisebenzi kwicandelo lezolimo kwakunye nokufika kobhubhane we-KHOVIDI-19 kuza kuqhubeka ukubeka uxinzelelo olumandla kwiintsapho zabasebenzi basezifama. I-DSD iza kusebenzisana ne-SASSA ukuqinisekisa ukuba ezi ntsapho zinokunxulunyaniswa noncedo lohlangulo loluntu kwimbandezelo. Isebe lizakuqhuba nokubonelela ngenkxaso ngokwasengqondweni nentlalontle kunye neenkonzozomonzakalo ngomsebenzi walo wentlalontle kunye nabasebenzi bophuhliso loluntu.

Imimandla ephambili ekugxilwe kuyo kuMsebenzi woNcedo loLuntu okhokelwa yi-DSD iza kuqhubeka ngokusekwa koMsebenzi woNcedo loLuntu waseCape Winelands kunye nokuxhotyiswa ngezakhono kwamagosa omandla ngokubhekiselele kwimigaqo-nkqubo yoNcedo loLuntu kunye nemethetho yokuziphatha yokuphucula umgangatho, ukufikeleleka kunye nozinzo longenelelo kumaqela asemngciphekweni kwimizi. Le mimandla iphambili nayo iza kwandiswa ukuze kuqukwe leyo ichongwe ngokusebenzisa iqhinga lesicwangciso sobuyiselo.

5.2.1 lingcamango ngezixhobo zenkqubo

Ukunyuka kwama-R49.665 ezigidi ukusuka kuqikelelo oluhlaziyiweyo lama-R984.791 ezigidi ngowama-2020/21 ukuya kwi-R1.034 lezigidigidi ngowama-2021/22 kungenxa yenkxaso-mali yokwandiswa kwabasebenzi bezonyango eSivuyile ngenxa yokwanda kwendawo yeebhedi, ulwabiwo-mali lweProjekthi yeSanitary Dignity kunye nenkxaso-mali eyongezelelweyo kubasebenzi bezentlalo, ngokukodwa kwiindawo ezinobundlobongela obusekelwe kwisini, ukusetyenziswa kakubi kweziyobisi kunye nemiba echaphazela abantwana. Ulwabiwo lohlahlo lwabiwo-mali emva koko luye lwehla lwaya kutsho kwi-R1.019 leebhiliyoni ngowama-2022/23 ngenxa yoxinzelelo lohlahlo lwabiwo-mali kwaye lunyuke lwaya kutsho kwi-R1.054 lezigidigidi ngowama-2023/24.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo-Inkqubo yesi-2: linkonzo zeNtlalo-ntle

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungelelani siweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesiqingatha sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlaziyi weyo
	Okuphic othiweyo o 2017/18	Okuphic othiweyo o 2018/19	Okuphic othiweyo o 2019/20				2020/21	2020/21	2020/21	
2.1 Ulawulo neNkxaso	438 612	463 065	506 910	557 915	508 689	508 689	560 005	569 752	577 880	10.09
2.2 Iinkonzo kuBantu aBadala	238 253	244 749	258 515	269 431	271 397	271 397	262 586	246 923	259 276	(3.25)
2.3 Iinkonzo kuBantu abaphila noKhubazeko	162 824	172 429	181 690	198 027	198 746	198 746	198 759	188 691	202 269	0.01
2.5 UHlangulo loLuntu	4 382	5 788	13 705	13 922	5 959	5 959	13 106	13 561	15 030	119.94
Zizonke Iintlawulo neengqikelelo	844 071	886 031	960 820	1 039 295	984 791	984 791	1 034 456	1 018 927	1 054 455	5.04

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo ngokodidi loqoqosho – Inkqubo yesi-2: IiNkonzo zeNtlalo-ntle

Udidi loqoqosho R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili	Ulwabiwo olulungelelanis iweyo	Uqikelelo oluhlaziyi weyo	Uqikelelo lwesiqingatha sonyaka			% Utshintsh o kuqikele lo oluhlaziyi iweyo
	Okuphic othiwey o 2017/18	Okuphic othiwey o 2018/19	Okuphic othiwey o 2019/20	2020/21	2020/21	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24	2020/21
Iintlawulo zangoku	447 228	472 929	529 300	582 098	529 851	529 851	585 941	593 762	603 129	10.59
Imbuyekezo yabasebenzi	390 228	415 917	457 136	499 995	464 502	464 502	504 059	505 794	511 067	8.52
Iimpahla neenkonzo	57 000	57 012	72 164	82 103	65 349	65 349	81 882	87 968	92 062	25.30
Udluliselo nezibonelelo ku/kwi	378 950	393 505	410 049	427 034	429 421	429 421	418 365	391 330	416 025	(2.57)
Arhente nee-akhawunti zeSebe	-	1	1	3	3	3	4	5	6	33.33
Imibutho engenzi nzuzo	378 218	392 907	409 233	426 618	428 917	428 917	417 919	390 862	415 534	(2.56)
Amakhaya	732	597	815	413	501	501	442	463	485	(11.78)
Iintlawulo zee-asethi ezinkulu	17 893	19 597	21 471	30 163	25 519	25 519	30 150	33 835	35 301	18.15
Izakhiwo kunye nezinye izakhiwo ezisixingana	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo	17 893	19 597	21 471	30 163	25 519	25 519	30 150	33 835	35 301	18.15
Iintlawulo zee-asethi zemali	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke iindidi zoqoqosho	844 071	886 031	960 820	1 039 295	984 791	984 791	1 034 456	1 018 927	1 054 455	5.04

Izicwangciso kunye nohlahlo lwabiwo-mali lweSebe ziza kuqhubeka zijoliswe kwakhona kolona qoqosho, olusebenzayo nolufanelekileyo phakathi kweemfuno zoluntu kunye nee-VIP zikazwelonke nezephondo njengoko kubonisiwe phantsi kweenkqutyana.

Le migaqo ilandelayo iza kukhokela izigqibo zohlahlo lwabiwo-mali kwi-MTEF:

- Ukuphunyezwa kwesigwebo senkundla malunga naBantu abaphila noKhubazeko ngokwasengqondweni - kubandakanywa nesibonelelo senkxaso yezothutho.
- Ukuzaliswa kwezithuba eziphambili/ezibalulekileyo kwicandelo labaphila noKhubazeko ngokwase ngqondweni;
- Ubonelelo ngenkxaso-mali eyongezelelweyo kunye nokwandiswa kwabasebenzi bezonyango eSivuyile; kunye
- Nophunyezo lweProjekthi yeSanitary Dignity.

5.2.2 Imingcipheko ePhambili noNcithiso

Isiphimo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
Abantu aBadala abahlupheki-leyo, abasesi-chengeni bahlala ubomi obudlamkileyo kwiindawo ezikhuselekileyo nezinokhuselo.	<p>Ukungathobelani neemfuneko ezisemthethweni zoMthetho waBantu aBadala (13/2006).</p> <p>Isithintelo ekunikezelweni kweenkonzo ezisebenzayo kuBantu aBadala, ezifana nokungabi nabongi abaqeqeshelwe ngokufanelekileyo kunye nabongi abaqeqeshiweyo abasebenza kumaziko okuhlala.</p> <p>Ukungqongophala kwezakhono ezaneleyo zokuPhunyezwa zii-NPO ngokwemiqathango yemimiselo nemigangatho.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Ukumangala okunokuthi kwenzeke ngokuchasene neSebe.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – uhlobo lwenkonzo olungekho semgangathweni nabaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Inkqubo iphumeza izicwangciso ngokuhambelana noMthetho omisiweyo. ● Uthethwano lwabachaphazelekayo lweKota/kaBini ngonyaka ukuqinisekisa ngokuyiqonda nangokuyithobela imiqathango nemigangatho njengoko imiselwe nguMthetho. ● Ukubeka iliso kumaziko kunye neenkonzo nokuphunyezwa kwenkqubo, kubandakanywa novavanyo lwedesktop kunye nokusetyenziswa kwamaqonga obuxhakaxhaka be-intanethi.
	<p>Ukungakwazi ukunikezela ngeMisebenzi yokuBek'esweni noVavanyo (i-M&E) ngenxa ye-KHOVIDI-19 yeMigaqo yeeNtlekele kunye nomngcipheko wosulelo lwabasebenzi.</p> <p>Uthintelo ekuzibandakanyeni rhoqo (ngokobuqu) nabachaphazelekayo ngenxa yomngcipheko wosulelo lwe-KHOVIDI-19.</p>	<p>Akukho kudibana ngokwasemzimbeni nee-NPO:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Ukubekwa esweni kovavanyo lweDesktop. ● Amaxwebhu axhasayo askeniwe kwaye athunyelwe nge-imeyile ukuze aqinisekise. <p>Amaqonga obuxhakaxhaka be-intanethi asetyenziswayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> ● Uthethathethwano ngomnxeba. ● Unxibelelwano olubhaliweyo (i-imeyile).
Abantu abaphila noKhubazeko neentsapho zabo kunye/okanye nabakhathaleli baphila ubomi obudlamkileyo kwiindawo ezikhuselekileyo nezinokhuselo.	<p>Uthintelo ekunikezelweni kweenkonzo ezisebenzayo kuBantu abaphila noKhubazeko.</p> <p>Ukungoneli kwezibonelelo neenkonzo zabantu abanengxaki yempilo yengqondo.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Isenokukhokelela kuxinzelelo kwiSebe ngokufakwa kwindawo engafanelekanga.</p> <p>Unikezelo lwenkonzo oluphantsi – umgangatho wenkonzo ongekho semgangathweni kwaye abaxhamli banokubekwa emngciphekweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uthethathethwano namahlakani kunye neSebe lezeMpilo (i-DoH) malunga nemiba enxulumene nokukhutshwa kweelayisenisi ngokumalunga nezibonelelo zabantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni, i-WCED yeNkqubo yokuFunda yaBantwana abangaKhubazekanga ngokuPheleleyo ngokweNgqondo kunye ne-ECD/iCandelo loLawulo lokuKhathalela ngokuNgaphelanga ukuze bafumane isikhokelo sokuthobela uMthetho waBantwana. ● Unxibelelwano oluthe gqolo kunye ne-DoH malunga nokubekwa ngokufanelekileyo kunye nokukhathalelwa kwabantu abaneengxaki zempilo yengqondo.
	<p>Ukuxhomekeka kubachaphazeli bamacandelo kunye nangaphakathi kwecandelo kwinkqubo yokubhaliswa</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Uthethathethwano ne-DoH ngemiba enxulumene nelayisenisi ngokubhekiselele kumaziko okuhlala

Isiphimo	Umngcipheko	Uncitshiso loMngcipheko
	<p>kwamaziko ononophelo lwethutyana kubantwana abaphila nokhubazeko.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Ukungathotyelwa kweemfuneko zomthetho.</p> <p>Indawo yokuhlala engabhaliswanga kunye neendawo zononophelo lwethutyana.</p>	<p>anjengabantwana/abadala abaphila nokhubazeko ngokwasengqondweni, kumaziko onyango lwezigulane kunye nabantu abadala. Oku kubandakanya ukusetyenziswa kwamaqonga obuxhakaxhaka be-intanethi.</p>
	<p>Ukunyuka kwezinga lokusweleka ngenxa yosulelo lwe-KHOVIDI-19 phakathi kwabasebenzi kunye nabaxumi kwiindawo zokuhlala.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuphunyezwa kwemigaqo enxulumene ne-KHOVIDI-19 kunye nokubonelela nge-PPE.
<p>Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.</p>	<p>Ukungahanjiswa kweenkonzo zohlangulo kwintlupheko yi-SASSA kubaxhamli abathunyelwe liSebe.</p> <p>Ukungathotyelwa kweemfuno zoMthetho woNcedo lweNtlalo ngokunxulumene noNcedo loLuntu kunye nemigaqo exhasayo kunye nenkqubo yokusebenza eqhelekileyo.</p> <p>Ulibaziseko lwenkqubo.</p> <p>Imiqobo kuhlalo lwabiwo-mali lwe-SASSA.</p> <p>Ukuphinda kabini iinkqubo kwiSebe nakwiSASSA.</p> <p>Ukunyuka kwezinga lesidingo soncedo loluntu ngokunxulumene neeNtlekele zePhondo (umzekelo. Imbalela, ukunqongophala kwamanzi, imililo kunye nomkhuhlane weeNtaka) ngelixa i-SASSA ibonakalise ukusilela emva ekusabeleni.</p> <p>Ifuthe:</p> <p>Umgangatho wobomi obusesichengeni kumakhaya asemngciphekweni ngenxa yokungafikeleli kwizibonelelo zoncedo loluntu.</p> <p>Imiqobo kuhlalo lwabiwo-mali.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ● Bonke ubudlelwane babachaphazelekayo bulawulwa ngokuhambelana neSakhello soLawulo lwaBachaphazelekayo esivunyiweyo. ● Uyilo lweziVumelwano zokuQondana (ii-MOU) kunye nee-SLA zikhona kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ukuphucula umgangatho wobudlelwane kunye nempumelelo yeeNjongo zesebe ezifanelekileyo.

5.3 Inkqubo yesi-3: Abantwana neNtsapho

Injongo yeNkqubo

Kukubonelela ngeenkonzu ezigqibeleleyo zokhathalelo lwabantwana nosapho nenkxaso kuluntu ngentsebenziswano namahlakani kunye nemibutho yoluntu.

Inkqutyana 3.1: ULawulo neNkxaso

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngentlawulo yemivuzo kunye neendleko zolawulo nenkxaso yabasebenzi ababonelela ngeenkonzu kuzo zonke iinkqutyana zale nkqubo.

Inkqutyana 3.2: Ukhathalelo neNkonzo kwiiNtsapho

Injongo yeNkqutyana

Iinkqubo neenkonzu ukukhuthaza ukusebenza kweentsapho nokuthintela ukuba sesichengeni kwiiintsapho.

Iziphumo, iziqhamo nezalathisi zokusebenza nokujoliswe kuko

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziQhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iinkonzo zokumanyaniswa kosapho ziyafumaneka kwiintsapho ezichaphazelekayo.	3.2.1.1 Inani lamalungu osapho aphinde adibana neentsapho zawo ¹⁶ .	669	705	598	700	700	720	720
	Ilibhedi ezixhaswa ngemali kwiindawo zokuhlala zabantu abadala abangenamakhaya ziyafumaneka kubantu abadala abazifunayo.	3.2.1.2 Inani leebhedi zesibonelelo kwiindawo zokuhlala zokhuseleko zabantu abadala abangenamakhaya.	1 401	1 499	1 499	1 499	2 500	2 500	2 500
	Ugcino lweentsapho neenkonzu zenkxaso ziyafumaneka kwiintsapho ezichaphazelekayo.	3.2.1.3 Inani leentsapho ezithatha inxaxheba kwiinkonzo zogcino nenkxaso kwiintsapho.	22 385	21 904	21 034	21 955	20 160	22 416	22 850

Izalathisi zesiqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zesiqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.2.1.1 Inani lamalungu osapho aphinde adibana neentsapho zawo.	700	165	170	180	185
3.2.1.2 Inani leebhedi zesibonelelo kwiindawo zokuhlala zokhuseleko zabantu abadala abangenamakhaya.	2 500	-	-	-	2 500
3.2.1.3 Inani leentsapho ezithatha inxaxheba kwiinkonzo zogcino nenkxaso kwiintsapho.	20 160	4 905	4 965	5 005	5 285

¹⁶ Esi salathiso sibala inani labantu abadala abakumaziko okhuseleko afumana inkxaso-mali kwi-DSD kwabo bangenamakhaya abathe babuyiselwa kwiintsapho zabo.

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Usapho yiyunithi yokhathalelo olusisiseko ekufuneka ibonelele ngendawo efanelekileyo yophuhliso lomzimba, ngokweemvakalelo nangokwentlalo kuwo onke amalungu ayo, kwaye, njengamalungu eentsapho, bonke abantwana bayawonwabela la malungelo, kubandakanya nelungelo lokukhathalelwa ngabazali kunye nosapho nokukhusela. Iintsapho ezomeleleyo ziphucula amathuba obomi bamalungu osapho. Iinkonzo eziya kwiintsapho kufuneka zisekelwe kwiNdlala yoLomelezo loSapho- isakhelo esamkela usapho njengeyona nto iphambili inefuthe kubomi kunye neziphumo zabantwana; nokuba iintsapho zomelele xa zikhuselekile kwaye ubumelwane kunye noluntu zinika inkxaso. Lo mbono unxibelelana ngokuthe ngqo nokuPhambili kwesi-4: "Ukudityaniswa koMvuzo weNtlalo-ntle ngeenKonzo ezisiSiseko eziThembelekileyo neziseMgangathweni" zeMTSF yama-2019-2024.

Iintsapho ezomeleleyo, abantwana abakhathalelwe kakuhle nabazali, abanonopheli kunye/okanye abagcini abafikelela ngokufanelekileyo kwiinkonzo zenkxaso basisiseko sabantu abaxhotyisiweyo. Iintsapho ezomeleleyo ziphucula amathuba obomi bamalungu osapho ngalunye, ehambelana ne-VIP yesi-3: "Ukuxhobisa Abantu" kunye noMmandla woGxininiso loku-1: "Abantwana kunye neentsapho" kunye nesiCwangciso soBuyiselo se-WC, umxholo weNtlalontle. ISebe liza kuqinisekisa ngobonelelo lweenkonzo eziyimfuneko kwiintsapho ezisemngciphekweni - ukuhlanganiswa kweentsapho kunye neenkonzo zolondolozo; iinkqubo ezibalulekileyo zothintelo kunye nongenelelo kwangethuba; iinkqubo zonyango, iinkonzo zolamlo. Ungenelelo olongezelekileyo lubandakanya inkqubo ehlanganisiweyo Isibindi eya kuthi iqinise ngakumbi inkxaso kuthungelwano olukhoyo lwamaphulo okukhusela abantwana ngokwenjenjalo iphucule ifuthe lenkonzo.

Le nkqubo iza kujolisa ekwenzeni ubonelelo ngeenkonzo ezibalulekileyo zothintelo ezisekelwe ekuhlaleni kunye nasekungeneleleni kwangethuba. Iza kugxininisa ekutyunjweni kwemibutho yoThintelo nongenelelo kwangethuba (i-PEI) kunye nokubhaliswa kweenkqubo ze-PEI kunye nokomeleza iinkonzo zokubuyiselwa eluntwini. Ukuqonda isoyikiso sobhubhane we-KHOVIDI-19 onaso kwimpilo-ntle yabantwana neentsapho zabo, iinkonzo ziya kuqhubeka zinikezelwa ngendlela ethobela imigaqo nemithetho yokuziphatha ye-KHOVIDI-19 ukuqinisekisa ukhuseleko lwabathengi nabasebenzi.

Inkqutyana 3.3: Ukhathalelo noKhuselo lwaBantwana

Injongo yeNkqutyana

Kukuyila nokuphumeza iinkqubo ezidibeneyo neenkonzo ezibonelela ngophuhliso, ukhathalelo nokhuselo lwamalungelo abantwana.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nokujoliswe kuko

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iinkonzo zokugcinwa kwabantwana abangabani ziyafumaneka kubantwana abadinga ukhathalelo nokhuseleko.	3.3.1.1 Inani labantwana abafakwe kwiindawo zononophelo.	4 055	3 514	3 478	3 500 ¹⁷	3 206	3 266	3 261

¹⁷ UMgaqo-nkqubo kaZwelonke wokuKhathalelwa kwaBantwana kunye noKhuseleko (2019) wenza ubonelelo loKhathalelo lokuZalana, oluvumela abantwana ukuba bahlale bekhathalelwe lusapho.

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Iinkonzo zokumanyanisa ziyafumaneka kubantwana abachaphazel ekayo, iintsapho zabo kunye nabanye abantu ababanonoph elayo.	3.3.1.2 Inani labantwana abaye badityaniswa neentsapho zabo okanye abanye abantu ababanonoph elayo.	366	308	352	381	340	357	371
	Imfundo noqeqesho lwabazali luyafumaneka kubazali nabanonopheli abachaphazel ekayo.	3.3.1.3 Inani labazali nabanonopheli abathe bagqiba imfundo neenkqubo zoqeqesho lwabazali.	3 727	3 891	3 251	3 805	3 230	3 577	3 702

Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswekuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.3.1.1 Inani labantwana abafakwe kwiindawo zonanophelo.	3 206	695	873	849	789
3.3.1.2 Inani labantwana abaye badityaniswa neentsapho zabo okanye abanye abantu ababanonophelayo.	340	72	89	90	89
3.3.1.3 Inani labazali nabanonopheli abathe bagqiba imfundo neenkqubo zoqeqesho lwabazali.	3 230	782	851	801	796

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Awona magunya asemthethweni eSebe ahlala kule nkqubo. Ngoko ke, ujoliso oluphambili luphunyezo olupheleleyo lweemfundo ezisisiseko soMthetho waBantwana kunye nobeko liso olusebenza kuzo zonke iinkonzo ezisemthethweni. Oku kulungelelaniswe ngqo ne-MTSF yama-2019-2024 yokuPhambili kwesi-4: "Ukudityaniswa koMvuzo weNtlalo-ntle ngeenkonzo ezisisiseko eziThembekileyo neziseMgangathweni". Ikwilungelelaniswa kwi-VIP yoku-1: "uKhuselo noBumbano loLuntu", iNdawo ePhambili yesi-2: "Ukomelezwa kweendlela zodluliselo lolutsha okusemngciphekweni namaphulo asekelwe kumntwana nosapho ukunciphisa udushe", iNdawo ePhambili yesi-3: "Ukwandiswa kwentlalo yobumbano kunye neendawo zoluntu ezikhuselekileyo" kunye ne-VIP yesi-3: "uXhotyiso loLuntu", iNdawo ePhambili yoku-1: "Abantwana neentsapho" kunye neNdawo ePhambili yesi-2: "Imfundo nokufunda". Iintsapho ezomeleleyo, abantwana abakhathalelwa kakuhle ngabazali, abakhathaleli kunye/okanye abagcini abafikelelayo kwiinkonzo zenkxaso bayintsika yabantu abaxhotyisiweyo apho banegalelo kumxholo weNtlalo-ntle wesiCwangciso soBuyiselo lase-WC.

Inkqubo iya kuqhubeka nokubonelela ngoqeqesho kubasebenzi benkonzo yentlalo-ntle kwimiba enxulumene nokuphunyezwa koMthetho waBantwana kwaye isebenze kwiiphaneli zephondo nezingingqi zophononongo lokubhubha komntwana ngokusebenzisana nabachaphazelekayo abafanelekileyo kwi-DoH, kumaZiko eMfundo ePhakamileyo, kwi-SAPS nakwiSebe lezoBulungisa.

Ngokungqinelana noMthetho waBantwana, ukungenelela kwangethuba kunye neenkonzo zothintelo, ezibandakanya uxanduva lwabazali kunye namalungelo, kunye nemfundo yoluntu (ejolise kuxanduva loluntu kunye noxanduva lokuxela ukuphathwa gadalala kwabantwana ukuthintela ukuphathwa gadalala kwabantwana, ukungahoywa kunye nokuxhatshazwa), ziza kubekwa phambili. Iinkonzo zoNgenelelo kwangethuba ziza kubandakanya iinkqubo ezilungiselelwe abantwana abasemngciphekweni njengeenkqubo zophuhliso lolutsha olufikisayo, iinkqubo zokuchasa ubundlavini/ukungaxhatshazwa, ukucetyiswa ngokwenzakala nokufelwa kunye nokhathalelo lwethutyana olukhuselekileyo lwabantwana abasemngciphekweni. Kunyaka-mali wama-2021/22 iSebe liza kuqhubeka ngokuzalisekisa isiCwangciso soLawulo lokuKhusela abantwana kuMntwana ongengowakho kunye nophononongo lwesiCwangciso soKhusaleko

IwaBantwana sePhondo. Iinkqubo zololongo lwexeshana kunye nenkxaso ziya kumiliselwa kubantwana abashiya ukhathalelo olulolunye kunye nokuhlanganiswa kunye neenkonzozokhathalelo kwasemva. Izithethe nemigangatho (ngokuthobela uMthetho waBantwana) ziza kuphunyezwa ngokubeka iliso kwindlela yokusebenza, kwicandelo lee-NPO. Kucingelwa ukuba inkqubo yokudluliselwa phakathi kwawo onke amanqanaba eenkonzo zokhuselo lwabantwana (ezinegalelo kwinkqubo yoMthetho oYilwayo wesiHlomelo sesiThathu waBantwana) iza komelezwa. Iinkonzozinikezelwa ngokuhambelana nemigaqo ye-KHOVIDI-19. Ukuqinisekisa unikezelo lweenkonzo, iindlela ezizezinye zokunikezelwa kweenkonzo ziyaphononongwa ezifana nokubonelelwa ngomnxeba kweenkonzo zenkxaso yengqondo nentlalontle.

INkqutyana 3.4: I-ECD noKhathalelo lweThutyana

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelela ngeenkonzozophuhliso olupheleleyo lwabantwana abasaqalayo.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nokujoliswe kuko

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujolose kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana ukuya kutsho kwiminyaka esi-7 ubudala bafumana i-ECD esemgangathweni kwaye ababafikelela kwiminyaka eyi-18 ubudala bafumana i-ASC esemgangathweni.	Amaziko e-ECD afumana inkxaso.	3.4.1.1 Inani lenkxaso-mali edluliselwe kumaziko e-ECD ukunika iinkonzoz e-ECD kubantwana abancinci.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	60 000	60 000	60 000	60 000
	Ubonelelo ngeenkonzoz zenkxaso ezizodwa kumaziko e-ECD kubantwana abasemngciphekweni wokungafikeleli kuphuhliso lwabo abalunqwenelayo.	3.4.1.2 Inani lamaziko e-ECD apho iinkonzoz zenkxaso ezikhethekileyo zibonelelwa kubantwana abasemngciphekweni wokungafikeleli kuphuhliso lwabo abalunqwenelayo. ¹⁸	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	85	95	105	115
	Amaziko e-ASC afumana inkxaso-mali.	3.4.1.3 Inani lezibonelelo ezidluliselwe kumaziko e-ASC ukubonelela ngeenkonzoz kubantwana.	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	6 500	6 500	6 500	6 500
	Amaziko okhathalelo lwethutyana abhalisiwe.	3.4.1.4 Inani lamaziko okhathalelo lwethutyana abhalisiweyo. ¹⁹	1 774	1 470	1 708	1 500 ²⁰	1 500	1 500	1 500
	Amaziko e-ECD aphuculiwe.	3.4.1.5 Inani lamaziko e-ECD aphuculiwe ngesibonelelo soXhomekeko	AYINGENI	AYINGENI	AYINGENI	51	50	50	55

¹⁸ Isiphumo nesalathisi-nkqubela zifakelwe izilungiso ukuze kususwe "nezikolo" ngowama-2021/22.

¹⁹ Kweli nani, malunga ne-10% kumaziko abhalisiweyo ononophelo lwethutyana e-ASC.

²⁰ Ukuncitshiswa koko kujoliswe kuko kunxulumene nenani eliphezulu lezatifikethi zobhaliso eziphelelwe lixesha ngenxa yobunzima bokufumana izatifikethi zemvume zikamasipala. I-DSD, oorhulumente basemakhaya kunye no-SALGA bakwinqobo zokusombulula lo mba.

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
		seziseko ezingundoqo.							

Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.4.1.1 Inani lenkxaso-mali edluliselwe kumaziko e-ECD ukunika iinkonzo ze-ECD kubantwana abancinci.	60 000	-	-	-	60 000
3.4.1.2 Inani lamaziko e-ECD apho iinkonzo zenkxaso ezikhethekileyo zibonelelwa kubantwana abasemngciphekweni wokungafikeleli kuphuhliso lwabo abalungwenelayo.	95	-	-	-	95
3.4.1.3 Inani lezibonelelo ezidluliselwe kumaziko e-ASC ukubonelela ngeenkonzo kubantwana.	6 500	-	-	-	6 500
3.4.1.4 Inani lamaziko okhathalelo lwethutyana abhalisiweyo.	1 500	1 500	1 500	1 500	1 500
3.4.1.5 Inani lamaziko e-ECD aphuculwe ngesiBonelelo soXhomekeko seziseko ezingundoqo.	50	-	-	-	50

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Isebe lijonge ekuboneleleni nge-ECD esemgangathweni njengesiseko sesiphumo sophuculo lwesikolo. I-ECD lungenelelo oluphucula uphuhliso ngokwasengqondweni nangongokwasemzimbeni kubantwana abancinci²¹. Olu ngenelelo lulungelelaniswe ne-MTSF yama-2019-2024 yoJoliso lwesi-4: "Ukudityaniswa koMvuzo wobunoNtlalo-ntle ngokusebenzisa iinkonzo eziseMgangathweni ezisiseko neziThembekileyo" kunye neSiphumo: "Abantwana nabantu bakhuselekile kwaye baphila kwiindawo ezinosapho olukhuselayo" lwe-VIP yesi-3 yaseWCG: "uXhotyiso loLuntu".

Olunye ungenelelo ngoncedo lokuxhasa umxholo weNtlalo-ntle wesiCwangciso soBuyiselo lwase-WC lubandakanya: ukuqhubela phambili kwenkqubo yenkxaso yomfundi eyodwa ebonelela ngonyango lomsebenzi, unyango lwentetho kunye nenkxaso ekhethekileyo enxulumeneyo nemekobume be-ECD ukuqinisekisa ukulungela isikolo. Oku kubaluleke ngakumbi njengoko abantwana abaninzi bangena kwi-ECD kunye neningeni ebalaseleyo yophuhliso.

Ukuqinisekisa ukunikezelwa kwezi nkonzo, amaziko ononophelo lwethutyana (abandakanya amaziko abantwana abaphila nokhubazeko) aza kuncediswa ngobhaliso, ukubhaliswa kwakhona, intsebenziswano namanye amasebe nabathabathi nxaxheba (ngophuhliso, ukhokelo nenkxaso), ngokunjalo, nokusekelwe kumaziko kunye namaziko eenkqubo zokufunda ngaphandle kweziko. Ukongeza, iSebe liza kubeka phambili amaziko okhathalelo lwethutyana e-ECD anikezela ngononophelo lwethutyana afaka isicelo senkxaso-mali okokuqala (ngesiBonelelo seMiqathango yeNkxaso-mali), incedise kuphuculo olungephi lweziseko ezingundoqo nokugcinwa kwazo (kumaziko abhaliswe ngokwemiqathango ngesiBonelelo esineMiqathango soGcino). Iinkqubo neenkonzo ezibonelelwa kumaziko e-ASC ziza kubekwa esweni ngenjongo yokuphuculwa nokuthotyelwa kwemimiselo nemigangatho. Zonke iinkonzo ezinikezelwa yile nkqubo ziza kuqinisekisa ukuthotyelwa ngokungqongqo kwizikhokelo zezempilo nokhuseleko ze-KHOVIDI-19, kunye nenkxaso yokuphucula iimeko zococeko kumaziko e-ECD ngaloo ndlela kukhuselwa abantwana nabasebenzi be-ECD.

²¹ IsiCwangciso esiDibeneyo soPhuhliso lwabaNtwana abasaQalayo kwiPhondo sama-2011-2016

Inkqutyana 3.5: Amaziko oKhathalelo lwaBantwana noLutsha

Injongo yeNkqutyana

Kukubonelala ngenkxaso nokhathalelo olulolunye kubantwana abasesichengeni.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nokujoliswe kuko

Isiphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo o yosapho.	Iinkonzo zononophelo lwendawo yokuhlala ziyafumaneka kubantwana abadinga olunye ukhathalelo.	3.5.1.1 Inani labantwana abakunonophe lo lwendawo zokuhlala kwii-CYCC zee-NPO ezifumana inkxaso-mali ngokoMthetho waBantwana.	2 892	2 811	2 787	2 880	2 880	2 880	2 880
		3.5.1.2 Inani labantwana abakwii-CYCC zabo malunga noMthetho waBantwana.	568	527	690	500	500	500	500

Izalathisi zeziqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeziqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.5.1.1 Inani labantwana abakunonophelo lwendawo zokuhlala kwii-CYCC zee-NPO ezifumana inkxaso-mali ngokoMthetho waBantwana.	2 880	2 112	256	256	256
3.5.1.2 Inani labantwana abakwii-CYCC zabo malunga noMthetho waBantwana.	500	305	65	65	65

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Ukuqinisekisa ngothotyelwano nemigaqo kunye nemigangatho e-CYCC, inkqubo ilungelelaniswa nokuPhambili kwesi-4: "Ukudityaniswa koMvuzo wobunoNtlalo-ntle ngokusebenzisa iinkonzo eziseMgangathweni eziSiseko neziThembekileyo." Iintsapho ezomeleleyo, abantwana abakhathalelwa kakuhle ngabazali, abakhathaleli kunye/okanye abagcini abafikelelayo kwiinkonzo zenkxaso bayintsika yabantu abaxhotyisiweyo. Inkqubo ikwahambelana ne-VIP yoku-1: "uKhuselo noBumbano loLuntu", iNdawo ePhambili yesi-3: "Ubumbano loluntu nokhuseleko lwendawo zoluntu" kwakunye ne-VIP yesi-3: "uXhotyiso loLuntu" kunye neNdawo ePhambili yesi-2: "Imfundo nokufunda".

ISebe libonelela ngendawo yenkxaso nekhuselekileyo kubantwana abakumaziko okuhlala kwaye ngaloo ndlela badinga ukhathalelo nokhuseleko ngokusebenzisa iinkqubo ezininzi kunye nemodeli yenkonzo yeengcali (njengoko kuchaziwe kwi-S191 yoMthetho waBantwana) obonelela ngongenelelo lophuhliso, onyango kunye nolonwabo avumela ukuba kuphuhlise. ukubuyiselwa komntwana kwindawo ahlala kuyo. Ezi nkqubo kunye neenkonzo zisaza kuqhubeka zinikezelwa zii-CYCC zeSebe, ngokuhambelana nezithethe nemigangatho ngenkxaso yobuchule ebekwe kwindawo eyodwa, uvavanyo, uqeqesho kunye neenkqubo zoqinisekiso lomgangatho kunye nokubhaliswa nokuhlaziywa kobhaliso lwee-CYCC. Ngaphaya koko, iinkqubo zempilo nokhuseleko ze-KHOVIDI-19 ezifana neMiqathango yoThintelo noLawulo oluSisiseko, umgama ovela emzimbeni kunye nokuhlolwa kwemihla ngemihla kwabasebenzi ziye zaphunyezwa ukunciphisa umngcipheko wosulelo kumaziko.

Ukongeza, ulawulo olululo lwendawo ebekwe phakathi kunye nerejista yabo bonke abantwana kwindawo yokuhlala enononophelo kwaye intshukumo yabo isendaweni kwaye igcinwe ukuze kuqinisekise ukuba bayangena kwinkqubo echanekileyo ngokuhambelana nemigaqo yoMthetho waBantwana ngokokuchongwa kwee-CYCC kunye nokuhlala izicelo ezifakiweyo zabantwana ukuze abantwana bafudukele kwinqanaba eliphezulu lokhathalelo kunye nokuqinisekisa ukuba abantwana babekwa kwelona nqanaba linqongopheleyo nelixhobisa ukhathalelo.

**Inkqutwana 3.6: IiNkonzo zoKhathalelo lwaBantwana oluSekelwe kuLuntu
Injongo yeNkqutwana**

Kukubonelela ngokhuselo, ukhathalelo nenkxaso kubantwana abasesichengeni eluntwini.

Iziphumo, iziqhamo, izalathisi zomsebenzi nokujoliswe kuko

Iziphumo	Iziqhamo	Izalathisi zeqhamo	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
			Umsebenzi ophicothiweyo/owenziweyo			Umsebenzi oqikelelweyo	Ixesha le-MTEF		
			2017/18	2018/19	2019/20	2020/21	2021/22	2022/23	2023/24
Abantwana kunye nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwindawo ekhuselekileyo yosapho.	Abasebenzi abaqeqeshiweyo bokukhathalela abantwana nolutsha.	3.6.1.1 Inani labasebenzi bononophelo lwabantwana nolutsha abafumene uqeqesho.	34	-22	20	15	10	10	10

Izalathisi zeqhamo: Ekujoliswe kuko ngonyaka nangekota

Izalathisi zeqhamo	Ekujoliswe kuko koNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
3.6.1.1 Inani labasebenzi bononophelo lwabantwana nolutsha abafumene uqeqesho.	10	-	-	-	10

Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba sesiqingatha sonyaka

Abakhathaleli babantwana nolutsha abaqeqeshiweyo babalulekile ekuphunyezweni kweenkqubo zokuthintela ezisekelwe kuluntu kunye nokungenelela kwangethuba, ukukhuthaza usapho, iinkqubo zonyango, ukudityaniswa kwakhona kunye neenkonzo zoxolelwaniso kunye neenkonzo zolondolozo losapho. Olu ngenelelo lwenkqubo luhambelana nokuPhambili kwesi-4 okuthi kuhambelane ne-VIP yesi-3 ye-WCG: “uXhotyiso loLuntu” kunye neSiphumo: “Abantwana nabantu bakhuselekile kwaye bahlala kwiindawo ezikhuselekileyo zosapho”.

Ukongeza kuqeqesho lwaBasebenzi boNonophelo lwaBantwana noLutsha, kuza kugxilwa ekuvavanyeni nasekuqiniseni imodeli ye-PEI ehlangeneyo esekwe kuluntu (ebandakanya Isibindi, iZiko lokuDlulisa, iliso kuMntwana, i-ASC, iinkonzo zokubuyiselwa eluntwini kunye nokubuyiselwa eluntwini. iphakheji engundoqo yeenkonzo).

5.3.1 Ingqwalasela yezixhobo zenkqubo

Ukuhla ngama-R32.603 ezigidi ukusuka kuqikelelo oluhlaziyiweyo lwama-R876.449 ezigidi ngowama-2020/21 ukuya kuma-R843.846 ezigidi ngowama-2021/22 kungenxa yokuthotywa kweSibonelelo soPhuhliso lwaBantwana. Uhlahlo lwabiwo-mali emva koko lwehla lwaya kutsho kuma-R799.950 ezigidi ngowama-2022/23 ngenxa yoxinzelelo lohlahlo lwabiwo-mali lwaze lwanyuka lwaya kutsho kuma-R845.145 ezigidi ngowama-2023/24.

²² Ngowama-2018/19 iiNkonzo zokuKhathalela abantwana eziSekelwe ekuHlalani zadityaniswa nezinye iinkonzo ezibonelelwa yiNkqubo 3: Abantwana neeNtsapho.

Isishwankathelo seentlawulo neengqikelelo – iNkqubo yesi-3: Abantwana neeNtsapho

Inkqutyana R'000	Isiphumo			Ulwabiwo oluphambili 2020/21	Ulwabiwo olulungelelani siweyo 2020/21	Uqikelelo oluhlazi yiweyo 2020/21	Uqikelelo kwisiqingatha sonyaka			% Utshintsho kuqikelelo oluhlazi yiweyo 2020/21
	Okuphic othiweyo o 2017/18	Okuphic othiweyo o 2018/19	Okuphic othiweyo o 2019/20				2021/22	2022/23	2023/24	
3.1 Ulawulo neNkxaso	2 101	2 277	2 434	3 066	3 524	3 524	2 983	3 066	3 136	(15,35)
3.2 Ukhathalelo neeNkonzo kwiiNtsapho	45 408	47 074	49 779	52 753	55 887	55 887	65 704	57 202	56 820	17.57
3.3 Ukhathalelo noKhuselo lwaBantwana	191 032	206 753	228 864	245 096	237 154	237 154	241 866	236 238	247 435	1.99
3.4 I-ECD noKhathalelo lweThutyana	313 041	327 700	363 100	413 516	471 226	471 226	424 635	400 616	429 833	(9.89)
3.5 Amaziko okhathalelo lwabantwana nolutsha	98 329	100 003	105 893	110 558	108 658	108 658	108 658	102 828	107 921	-
3.6 Iinkonzo zoKhathalelo oluSekelwe kuLuntu lwaBantwana	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke Iintlawulo neengqikelelo	649 911	683 807	750 070	824 989	876 449	876 449	843 846	799 950	845 145	(3.72)

